Imiyalelo kaGabriyeli KuDaniyeli

INkosi ikusikele, mzalwana. Bhotani kusasanje, zihlobo. Kushushu kakhulu, ukuba kulo mnquba ngale ntsasa, kodwa kuyintsikelelo kakhulu ukuba lapha. Ndivuya kakhulu ukuba sibe sino—sinokungena apha namhlanje ngale nkonzo. Ndibe bendazise ukuba ndiyakuba nokufundisisa ngoku ngezi *Veki Zimashumi Asixhenxe ZikaDaniyeli.* Zona ziyakunxibelelana noMyalezo uphela ngaphambi kokuba siye ku—kuMatywina aSixhenxe. Oko kukuthi, aMatywina aSixhenxe; iZibetho eziSixhenxe; aMaxilongo aSixhenxe; ooYeha abaThathu; umfazi elangeni, ukulahlelwa ngaphandle koMtyholi obomvu; ikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka litywiniwe; konke oko kwenzeka phakathi kweli xesha. Kwaye bendicinga ukuba ndiyakube ndifake oku phakathi kuqala.

2 Ngoku, kushushu. Asizimiselanga ukuhlala ixesha elide kakhulu, kukangangoko nje sinokuba nako. Yaye eli lixesha lemozulu elungileyo, esiqhelweni, ngexesha lemozulu embi, kuxa abantu bangaqhubi nkonzo ngokuthe kakhulu. Kwaye, ingakumbi, bebonke banamagumbi aneziphozisi zobushushu, njalo njalo, apho kuhlaleka kamnandi. Sinqwenela ukuba sibe besinaso, kodwa ngeli thuba asinaso.

3 Abaninzi boobawo mkhulu bethu babehlala phandle kwilanga elishushu. Xa ndicinga ngokucela uxolo ebantwini ngenxa yokungabi nagumbi linesiphozisi sobushushu, iingcinga zam zihlala zibuyela emva e-Afrika apho babehleli kwezo zitshingitshane, babe abo bafazi beneenwele ezijinga ebusweni babo, bahlale apho kokubini ebusuku nasemini, bengemnki ukusuka apho bebengqengqe khona; bengadli, bengaseli, kungekho kwanto, bahlale kanye apho ukuze nje babambe iLizwi, okanye amabini, njalo emva kwethutyana, eleNkosi.

4 Ndicinga ngeMexico xa kushushu kangaka, eneneni, ndahlala kwigumbi elinesiphozisi sobushushu ndazama ukuzenzela umoya, kwakungeshushu ngako. Ndaze ndabona abantu bengena apho ngentsimbi yethoba kusasa, kuloo ndawo inkulu yezemidlalo, kungekho zitulo, zakuba kuhlalwe kuzo. Abantu abagulayo, abagula mpela, besifa, begula; ngumhlaza, amathumba ahlumayo; noomama abagulayo, abancinane, iintsana ezifayo nayo yonke into, beme kanye apho kwelo langa libilayo, kungekho mthunzi naphina, boyame nje omnye komnye ukususela ngentsimbi yethoba kusasa kude kube yeyethoba ngoko kuhlwa, ukuza kuva nje isithuba samashumi

amathathu emizuzu ngetoliki, babone imisebenzi yeNkosi. Bahlale apho balinde, befake ezo zinxibo zakudala zinzima, bazinxiba ebusika nasehlotyeni. Kuphela kwazo abanazo.

5 Ndize ke ndicinge ngokulala apho phandle kuloo mahlathi, nendlela ababesithi bezise abo bantu bagulayo babangenise, ababengakwazi nokushukuma. Nase-India, xa babeye bafumbe apho phantsi, baze bangqengqe omnye phezu kwalowa, omnye phezu kwalowa, ngolo hlobo, beneqhenqa nezinye izifo; apho babeye babarhuqe bebangenisa, bebakhupha ezitratweni, babalalise kwelo langa lishushu, lishushu kakhulu, amalanga etropik iindawo ezinemozulu eshushu kakhulu. Kwizitshingi-tshane zemvula, nemibane ilanyaza, nezinto ezinjalo, babeye bangqengqe kanye apho kwelo langa nesitshingi-tshane, nayo yonke into, bangakhe basuke kungenjalo bakhalaze, nje. . . bazame ngokufumana iLizwi likaThixo, njalo ethubeni, into ethile ukwenzela umphefumlo wabo. Ngoko singathini ukucela uxolo ngale ntsasa, sinophahla phezu kwentloko yethu, amaphiko okwenza umoya ebaleka? Simelwe kukuba nentloni ukuba siyakhalaza ngaloo nto.

6 Ngoko ndikhumbula kungekudala kwixesha elidlulileyo, eziqithini, kwezinye zeziqithi zakwiiLwandle zaseMazantsi, ndandiqhuba inkonzo ngobo busuku. Kwaye, owu, kwafika isitshingi-tshane semvula. Owu, andizange ndisibone isitshingi-tshane esinjalo, ukulanyaza okunye kombane emva kokunye, kubethe likhanye ilizwe. Nendlela imimoya yayibhudla ngayo ngokokude imithi ibe yayilele emhlabeni. Ndathi, "Ke, ba. . . Ndisenokuyikhulula isuti yam, ngokuba akuyi kubakho mntu phaya ezantsi."

7 Kwimizuzwana embalwa imoto encinane yadeda isiza emnyango, kwakho umntu onkqonkqoza emnyango, elungele ukuhamba.

Ndaze ndathi kuloo mfana, wayekwazi ukuthetha isiNgesi, ndathi, "Kukho umntu okhoyo phaya?"

Wathi, "Awunako nokungena nditsho kwisithuba esingange sakhiwo sasedolophini salaa ndawo," kwibala elikhulu lebhola.

Ndaze ndathi, "Uthetha ukuba abantu ba—baphume phandle olo hlobo," ndathi, "kwesi sitshingi-tshane semvula?"

Bathi, "Bafuna ukuva ngoThixo."

8 Nda—Ndaze ndehla ndaya apho. Kwakukho amanenekazi ke, amantombazana aselula, akubudala obuphakathi, engagigitheki ehleka, edubulisa iintshungama, encokola ngabafana athandana nabo. Lonke iLizwi, babehlala kuLo; bangakhe bahambe, bahlale nje baphula-phule. Kukhe kwenziwa nje ukubizela ngaphambili abaguqukayo, ukwenzela nje ukubizelwa esiguqweni, ngamawaka awayephakama,

iinyembezi zisihla ngolo hlobo ukuphuma emehlweni abo, izandla zabo beziphakamisele kuThixo, befunela imiphefumlo yabo inceba, amantombazana aselula namakhwenkwe, aneshumi elinesixhenxe, ishumi elinesibhozo ubudala. Ngoku kunzima ukufumana abantu abadala nokuba baphula-phule, uyabona. Ku—Kubonisa ukuba akukho nto sinokukhalaza ngayo. Makubulelwe kuThixo! Ewe, mhlekazi.

9 Singathanda ukuyenza yonke into ibe yeyexesha langoku njengayo yonke iMelika, kodwa asinayo ngolo hlobo; siyakwenza nje ngoko sinako.

10 Ngoku, ndinento encinane endiyiqapheleyo endingathanda ukuyenza kulo mnquba kwakhona. Bangaphi abanazo iiBhayibhile, phakamisa isandla sakho. Kulungile. Masityhile kwiNdumiso 99 phambi kokuba sithandaze. Sasidla ngokuyenza lento, Mzalwana Neville, kwiminyaka eyadlulayo. Andazi nokuba . . . Seniyifundile iNdumiso ngale ntsasa? [UMzalwana Neville uthi, "Hayi."—Mhl.] Hayi. Ndingathanda ukukhe ndenze njalo, ibandla, lifunde iNdumiso ethile.

11 Ngale ntsasa, xa bendihleli kwigumbi lam lokufundela, ndicinga ngalo Myalezo neLizwi, ndiye ndacinga, "Uyazi, kungalunga kwakhona ukuba ndi—ndibenze bafunde iNdumiso bonke. Ndiyithanda ngokukhulu loo nto."

Isizathu sokuba ndibe ndifike emva kwexesha kancinane, kukho umnxeba ovela kude abathe bandenzela wona, ovela eCheyenne, ngoko naso isizathu sokuba ndibe ndenze njalo.

12 Ke ngoku, ngeli thuba nityhila kule Ndumiso, ndinezibhengezo ezithile ezimelwe kukwenziwa, endisandula ukuzinikwa. INdumiso 99.

13 "Ukusukela ngoku, zonke izibhengezo ezibhekiselele kwiinkonzo zalapha emnqubeni, nokuba zezeemvuselelo, ziyakuza zivela e-ofisini eJeffersonville. Nabani na onqwenela ukwazi malunga nezoo nkonzo makabhalise, okanye anikezele ngegama lakhe nedilesi, azibeke phezu kwepulpiti ekuvalweni kwenkonzo yangokuhlwa nje. Isibhengezo siyakuthunyelwa kuwe kwangethuba ukuze wenze amalungiselelo okuza kwezo nkonzo."

Oko kukuthi, ukuba kukho umntu kwithuba elizayo ofuna ukwazi ukuba siyakuyibambela phi na inkonzo, sinenkqubo emisiweyo, e-ofisini phaya ngoku, yokuba ungabhalisa nje igama lakho nedilesi apha. Siyakukuthumela ikhadi ke, kwangaphambi kwexesha, ukuze wazi ukuba kuphi na apho iinkonzo ziqhubeka khona, kwakunye nengongoma ekuthethwa ngazo ngokuqinisekileyo, nantoni na eyenye ekhoyo, ukuba unganalo ithuba. Uyabona, ukuba aninandawo isemthethweni sivela kuyo, omnye uthetha *le* nomnye athethe *leya*, u—ungayifumani, uyabona. Ngoko makuthi . . . Bhala igama lakho nedilesi ulibeke apha, aze uBilly Paul alithabathe asikhuphe.

14 Ngoku bekubuziwe, kanjalo ukuba zisaya kubakho na. . . “Mzalwana Branham, ingaba useza kuba nazo ezinye iinkonzo zempiliso kulo mnquba, zinokucalulwa kwengcinga?” Hayi. Hayi. Ukucalulwa kwengcinga kuyakukhutshwa ye—yenye leya ibhodi yethu. SinoMzalwana Neville apha onesipho sokuprofeta, oprofetayo kwabo bagulayo abazise izinto abaswele ukuzazi. Kwaye sinomzalwana ogama linguHigg-. . . Higginbotham, omnye o. . . owayengosayinela izimali, wakhonza ngokuthembeka kwelo bhunga. Andimboni ngale ntsasa, kodwa esiqhelweni uba naso isipho sokuthetha ngeelwimi. Nenenekazi elincinane elibizwa ngokuba ngu-Arganbright, udade omncinane othandekayo onesipho sokucacisa iilwimi.

15 Kwaye le miyalezo iyaqondakala ukuba yekaThixo, ngokuba ngenene ayizi ngokuphumileyo kulungelelwano, ihleli ngokolungelelwano kanye. Kuyakuthi ke nje ukuba zande ezi zipho, sizakuzama uku—ukufumana i. . . ukuzibeka sizibuyisele kanye ebandleni, indlela yokuziqhuba. Kwaye ndizakubonana nabo kwakutshanje, ukuze ku—ukuze i—iinkonzo zibe nokuqhutywa ngolungelelwano nje olugqibeleleyo lweNkosi, kangangoko sinokwenza yenziwe ngokugqibeleleyo.

16 Kodwa aba bantu bathandekayo, utsho ummelwane wam, uNkosk. Woods, onomboko ogxunyekwe apha phezulu, nesishicileli-mazwi phaya emva, ukuze ashicilele inkonzo, ngabom ukuze nje afumane loo miyalezo, ayibhale phantsi, ukuze ibonwe ukuba iyinene na okanye hayi. ’yabona? Yindlela ayihlola ngayo leyo. Ndiyamazi uNkosk. Woods ukuba ungumfazi onyanisekileyo. Yaye undixelela ngezinto ezininzi ezithethiweyo, ezenzekayo.

17 Ngoku, sinombulelo ke ngoko ngaloo nto. Kukuphumzeka okunjani oko ke kum ekhaya, ndakungena ekhaya, ngoko. Olwaa calulo lweengcinga kwicala lobuprofeti liyandigqiba nje, yaye, ngoko ke, uThixo uthe wandithumela ukuphumzeka ngenxa yaloo nto, ngesiprofeto, nokuthethwa kweelwimi, nokutolika, ntoleyo isisiprofeto. Ntoleyo, isisiprofeto, ukuthetha ngeelwimi. Zimbini iindidi zabantu abaprofetayo. Omnye uyathetha, omnye ngokuqonda oko kuthethwa ngulowo ngelwimi elingaziwayo, utolika ngokuchanekileyo. Ukuze ngoku sibe. . . Sinayo yonke imihla loo nto, kuyo yonke inkonzo apha xa sinomgca wokuthandazela enkonzweni.

18 Ngoku, kukho othile onokuthi abuze, wabuza. . . malunga nesipho. Ewe, ndisenaso. Kodwa ngolo hlobo, kuphela kwendlela endisisebenzisa ngayo, kukudliwano-ndlebe lwabucala, endinalo. Kwaye, ukuze ndibafumane, ndiyakholwa banayo phaya emva kwibhodi yezaziso, ukuba umelwe kukufumana imvume ubeke ixesha lakho ngolungelelwano, ngoBilly Paul unyana wam, ukulungiselela apha kungenjalo

kwiinkonzo ezisemva kwale. Ngaphandle emsebenzini wokushumayela, naphi na, umelwe kukuba nekhadi elincinane ayakuthi uBilly Paul akunike lona. Ukuba kukho into ethile ebomini ongayiqondiyo, ungazi ukuba ungakhululeka kanjani na kuyo, ube uzungula ubulumko beNkosi, ngoko yithi . . . Bonana noBilly Paul unyana wam, ongunobhala, yaye uyakukunika ikhadi elincinane, akumisele umhla, nexesha.

Ke ngoko xa sithi sibe nolo dliwano-ndlebe, ngoko kuyakube kuxa siyakungena kunye, inguwe kuphela kunye nam. Ukuze ukuba ngabafazi abezayo, uyakungena kunye nam nenkosikazi yam. Ukuze ke wena . . . Siyakufumanisa, sifune iNkosi siYicele ukuba umelwe kukwenza ntoni na.

19 Ngoku, ezinye, iziganeko ezincinane nezinto ezinjalo ezilolo hlobo, zinikezelwa kuMzalwana Neville, noMzalwana Higginbotham, noDade Arganbright, nabanye aba bathetha ngeelwimi batolike, balapha ebandleni.

20 Ngoko ke, siyakuluthanda olo hambo. Ndiyakholwa yayinguYitro, owathi kuMoses ngenye imini, 'yabona, "Masithabathe amadoda amakhulu athile." "Waze uMoya kaThixo wathatyathwa kuMoses wabekwa kuloo mashumi asixhenxe amadoda amakhulu, aze aprofeta. Kodwa yazizinto nje ezizezinkulu nezinzima ezeza kuMoses yedwa." Ngoku, asingoMoses thina, singengawo naloo madoda makhulu, kodwa sisakhonza uYehova uThixo, kwangaloo Ntsika yoMlilo inye isikhokelela kwiLizwe ledinga.

Ngoko ke ngoko, ewe, iyakubakho enye, ziyakubakho iinkonzo eziyakuba zezokutoli- . . . Ukucalulwa kwengcinga okuyakuthi kubekho. Eziya kunika ithuba ngoko lomthandazo nokufunda, kwiintsuku endaziyo ukuba olo dliwano-ndlebe luyakubakho, ndihlale ndilungele lona.

21 Ngoku nikhumbule, uBilly Paul Branham, ongunobhala wethu wasentsimini, uyakuthi . . . Ixhonyiwe . . . kwiBhodi yezaziso phaya emva, ngabasayinela izimali. Ndinento ebhaliweyo apha yokwazisa loo nto, ukuze kuxelelwe abantu ukuze bafunde kwibhodi yezaziso, xa bephuma.

22 Ngoku, ngoku, kusasanje sinesifundo esikhulu, yaye ngokuhlwa siyakuzama ukuqhubela phambili ngaso. Kwaye, ukuba iNkosi ithandile, kwiCawe ezayo, ibesesinye, singene kuso. Bendingazi ukuba sinzulu kangakanani na ndade ndafunda ngaso. Kwaye ziseyimfihlelo kum, nangoku, ke ngoko ndixhomekeke nje eNkosini.

23 Ngoku, nina ninazo iiBhayibhile zenu, masityhile kwiNdumiso 99, 99. Yaye ndizakufunda umqolo wo-1, ibandla lifunde ivesi ye-2 size ke siyifunde kunye ivesi yokugqibela. Siyiqhubela phambili; mna, eyo-1; ibandla eye-2; mna, eye-3; ibandla eye-4; kumqolo wokugqibela, ngoko ke siyakufunda kunye sonke.

Masiphakame ke njengoko sifunda iLizwi likaThixo. [UMzalwana Branham nebandla bafunda iNdumiso 99:1–9 njengokuba ebecacisile—Mhl.]

uYEHOVA ngokumkani, ziyaguqa izizwe: ulohlala eKerubhini; liyashukuma ihlabathi.

uYEHOVA mkhulu eZiyon; uphakamile ngaphezu kwezizwe zonke.

Bayakulibulela igama lakho elikhulu eloyikekayo; ngokuba ungcwele yena.

Amandla okumkani athanda okusesikweni; uwazimasile wena ngokuthe tye, wenze okusesikweni nobulungisa kwaYakobi wena.

Mphakamiseni uYEHOVA uThixo wethu, niqubude esitulweni seenyawo zakhe; ngokuba ungcwele yena.

OoMoses no–Aron phakathi kwababingeleli bakhe, noSamuweli phakathi kwabalinqulayo igama lakhe; baye babiza kuYEHOVA, wabaphendula yena.

Wathetha kubo esemqulwini welifu: bazigcina izingqino zakhe, nommiselo awabanika wona.

YEHOVA Thixo wethu, wabaphendula wena: waba nguThixo oxolelayo kubo ongoziphindezelayo iintlondi zabo.

Mphakamiseni uYEHOVA uThixo wethu, niqubude entabeni yakhe engcwele; ngokuba ungcwele uYEHOVA uThixo wethu.

24 Masithobise iintloko zethu.

Ngenyaniso, Nkosi, la Mazwi abhalwe akrwelwa sisicaka saKho, uDavide, kwiNdumiso eza kuWe. Wena uhlala ngaphakathi kweKerubhi. Ungcwele wena, nentaba yaKho ingcwele. Masisondele ngeentliziyo ezifefiweyo ngeGazi leNkosi uYesu, sinesazela esinyulu, sinokholo nengqiniseko yokuba siza eBusweni bukaThixo wethu. Mabathi aba baphulaphuli ngale ntsasa babene ntlonelo. Vula iindlebe zethu zokuqonda. Thetha ngathi, ngobulumko, ukuze sibe nokwazi ukuba simelwe kukuziphatha kanjani na ngale mihla eBusweni baKho.

25 Sithanda ukuKucela, Thixo wethu, ukuba utyhile kuthi ezi zinto zifihlakeleyo bezihleli zifihliwe yonke le minyaka, njengokuba sisondela kwawona anyanisekileyo, aMazwi andilisekileyo. Wakhe wathetha ngawo xa Wawulapha emhlabeni, wathi, “Lowo ufundayo, makaqonde.” Ngoko, siza ngeyona ndlela yofefe kuWe, Nkosi, yaye sizungula ubulumko baKho, singazi nje emasikuthethe. Sibeke ngokulandelelana apha iZibhalo ezimbalwa, yaye ngokona kundileka nokuxhomekeka ngokupheleleyo kuWe silindele impendulo,

ngokuba akukho njongo yimbi ingekuko ukuze sibe nokwazi ilixa esiphila kulo, ukuze sibe nokulungiselela izinto ezinkulu ezizayo. AwunaKusipha loo nto, Nkosi, eGameni laLowo Wasifundisa sonke ukuba sithandaze senjenje! [UMzalwana Branham nebandla bathandaza kunye ngokukaMateyu 6:9-13.—Mhl.]

. . . Bawo Wethu oseMazulwini, Malingcwalise igama lakho.

Mabufike ubukumkani bakho. Makwenziwe ukuthanda kwakho nasemhlabeni, njengokuba kusenziwa emazulwini.

Siphe namhla isonka sethu semihla ngemihla.

Usixolele amatyala ethu, njengokuba nathi sibaxolela abo banamatyala kuthi.

Ungasingenisi ekulingweni, sihlangule enkohlakalweni: Ngokuba bubobakho ubukumkani, namandla, nozuko, kuse kuwo amaphakade. Amen.

26 Hlalani phantsi. Ngoku, ukuba kukho umntu ofuna ukukhulula ibhatyi yakhe kuni madoda, wamnkelekile ukwenza njalo. Kwabo ke bemiyo jikelele e—emacaleni odonga, ukuba iinyawo zithe zaqaqamba, kuba, khululeka nje ekubeni ukhe ujikeleze.

27 Ke ngoku, ndiyacinga, ukuba ukuba abantwana bafuna ukuya kumagumbi abo, okanye ingaba sebekhutshiwe? [UMzalwana uNeville uthi, "Hayi, abanako. Asinakuba nayo ngale ntsasa, ngenxa yabantu abaninzi."—Mhl.] Umlungiseleli uthi ngenxa yokuba isihlwele sisikhulu amagumbi azele, ngoko asinakuba naso isikolo seCawe sabancinane. Yaye singavuya ukuba nina bafo bancinane ngoku ningasebenzisana nathi, njengokuba ngale ntsasa sizama ukuba nawo, siqale omkhulu, uMyalezo omangalisayo endiqinisekileyo ukuba uyakuthetha lukhulu kootata noomama, nakwabo bacingayo balapha, nditsho nakuni bancinane. Ngoko, sisondela kuwo ngentlonelo enkulu.

28 Ukuba iNkosi ithandile, ngale ntsasa sithabatha ingongoma yeVeki ezimashumi asixhenxe zikaDaniyeli. Kwaye ngale ntsasa sithetha ngoDaniyeli ekuthinjweni, noGabriyeli ebhabha ukuza kumyalela malunga nelixa elizayo. Wathi uDaniyeli esesemthandazweni, uGabriyeli iNgelosi, yeza kumyalela.

Ngokuhlwanje, ndifuna ukuthetha ngenjongo entluntandathu yotyelelo lwaKhe, ingongoma ezintandathu ezahlukeneyo ezimelwe kukuziswa kusihlwanje, oko wayezele kona uGabriyeli.

29 KwiCawe elandelayo, iNkosi ithandile, ndifuna ukuthabatha isizathu nexesha leZigaba eziSixhenxe zeBandla, nokuba zixesha nini na, nokuba simi phi na namhlanje. Leyo ke iyakuba kwintsasa yeCawe ezayo, iNkosi ithandile.

30 Ngoku, isizathu soku. Ndizise okuncinane okubhaliweyo endikuthabathe kwiMiyalezo yam embalwa edlulileyo. Kwaye ngale ntsasa ndifuna ukuyinxibelelanisa, ngokuba lo ukushicilelo lwekhasethi eliyakuya kwihlabathi liphela, kwizizwe ezininzi. Kwaye, esiqhelweni, isizathu sokuba ndinxibelelanisane nodlulileyo, kungenxa yokuba mhlawumbi umntu othile uyakuva ikhasethi okokuqala, akangabi nakuqonda ukuba bendithetha ukuthini na xa ndibhekiselela kwinto ethile eyenye.

31 Ngoku sekuzinyanga sifundisisa iNcwadi yeZityhilelo, ISityhilelo sikaYesu Kristu. Siphumele ngaphaya kwezigaba zebandla. Izahluko ezithathu zeZityhilelo yayizizigaba zexesha zebandla. UYohane waxwilwa kwese-4 nese-5 isahluko, waza waboniswa izinto e—eziyakwenzeka emva koku. Ngoku, kwisahluko se-6, uwela phantsi emhlabeni kwakhona, ukuze akubona izinto ezenzekayo eziya kuqhubeka ukusuka kwisahluko se-6, ivesi ye-1, kude kube kwisahluko se-19 umqolo we-21. Apha ke kungena aMatywina, iZibetho, ooYeha, iinkumbi, u—umfazi elangeni, ukukhahlelelwa ngaphandle kwenamba ebomvu, ukutywinwa kugqitywe ngekhulu elinamashumi amane anesine lamawaka, nazo zonke ezi zinto.

32 Le ibiyiveki yokufundisisa kakhulu. Izolo, imini yonke, kube nzima nokuba ndimnke egumbini, ndizama ukufundisisa. Kwaye yinto ebalulekileyo ngexesha lokugqibela, abaninzi babantu ekudala belapha, ebendicinga, ndithe nje, "Bangabe veki ezingamashumi asixhenxe zikaDaniyeli," kodwa bendingazami kuzihlasela, kukuzicacisa. Kodwa ngeli xesha, ngobabalo lukaThixo, ndithabathele kum ukuzama ukucela inceba kuThixo, ukuze ndibe nokuzizisa ebantwini. Apha ke ndifumanisa izinto endingazi nento enye ngazo.

33 Ke, ngoko, be—bendifunda incwadi kaGqr. Larkin, incwadi kaGqr. Smith, nemibhalo kaGqr. Scofield, iincwadi ezahlukeneyo eziphawula ngokubhaliweyo zamanye amadoda kuyo yonke indawo, kodwa andikwazi kuzihlanganisa ezawo ukuze kuphume into eyiyo. 'yabona? Ngoko, ngale veki ndiyaceba, bendityelele ithala leencwadi eKentucky, malunga nenzululwazi yasezinkwenkwezini nekhalenda zamaxesha zakudala, ndithabatha kumathala eencwadi, njalo njalo, neencwadi zakudala ebendinokuzifumana, ukuza kufika kokuncinane endinokukwenza, ithemba lam ke ngokupheleleyo likuYesu Kristu ukuba uyakuwutyhila kum.

Ngokuba, andifuni kuthi, "Ndazi *oku*, nokuthi ndiyakwazi *nokuya*." Uyayazi intliziyo yam. Uyandiphulaphula. Kodwa ndiyawufuna, ukuze ndibe nokukhanyisela abantu baKhe, ngoko ke ndiyakholwa ukuba Uyakundinika wona. Andikazi, kodwa ndithembele kuYe malunga neCawe ezayo, kuba eso iyakuba sisiqendu esibaluleke kakhulu, kwiCawe ezayo, ukwazi nokubeka ngendawo loo mashumi asixhenxe eeveki.

34 Nganye inendawo eyahlukileyo. Kwaye xa uqhuba, uhamba uza kuzivelela zonke, aziphumi ngendlela nje eyiyo, azithi ngqo ngokufanelekileyo. Azikwazi. Ke, ngoko ke, ndi—ndisenokungachani ngokukuko, kodwa ndizakuthembela eNkosini malunga noko.

35 Yaye ndikhumbula ngoSolomon ngaxesha lithile ethandaza ecela iNkosi uThixo ukuba Imnike ubulumko, engenzeli isiqu sakhe, "hayi ukwandiselwa imihla, hayi ubomi obuthe chatha ngobude, hayi ubutyebi," koko ukuze abe nobulumko bokwazi i—i—indlela yokugweba abantu bakaThixo. Yaye uThixo wawuhoya loo mthandazo, wamnika uSolomon obo bulumko, ngokuba yayiyinto eyenzelwa abantu baKhe. Kwaye kungoko ndicela uThixo ukuba andazise ezi veki zimashumi asixhenxe ukuba zithetha ntoni na, ngokuba ndiyazi ukuba sisalatha-maxesha esichanekileyo sesigaba sexesha esiphila kuso. Kwaye, ngoko ke, ndifuna ukwazi; ndingazi ngenxa yam, mna . . . andenzeli isiqu sam. Kakade, ndiyafuna ukuzazi. Andizimisele kuyithetha ngolo hlobo, "Andenzeli isiqu sam," ngokuba nam ndiyazifuna okwam. Ndiyafuna ukwazi, ngokuba ndifuna ukwazi ukuba siphila phi na nokuba xesha nini na eli siphila kulo. Ke, ngoko, ndiyazi ukuba zona sazinikwa.

36 Baninzi ke abathe baziqikelela, yaye babenazo kwakudala. Omnye umfo, ebendimfunda, uyenze yonke loo nto yaphelela ngowe-1919, into iyeyeveki ezimashumi asixhenxe. Ke, yayingenjalongo.

Ngoko, emva kweveki ezimashumi asixhenxe, emva kweveki ezimashumi asixhenxe, kuphele konke. Ngoko a—asazi . . . Sifuna ukwazi iNyaniso. Kwaye ndiyamcela uThixo ukuba andinike iNyaniso.

37 Ngoku, ukuze sibe nokusekela oku, sibuye emva, ndifuna ukuphinda indawana encinane kosekudlule. Ke, ngoko ke, ezinye zezinto ebendizibhalile, esithe sanazo kwese-5, isahluko se-4 nese-5, ukuze abantu babenokuqonda. Okokuqala, phambi kokuba singene kwesi, ndifuna ukusinxibelelanisa, ukuze ndibe nako ukusifumana ukusuka kwese-4 . . .

Ngoku, ukhumbule, kwisahluko se-3 ibisiSigaba seBandla saseLawodike, kwaye iBandla lithatyathwe lenyuswa ekupheleni kweLawodike.

38 Ngoku, bendizama ukucacisa into ethile kwinkosikazi yam malunga naloo nto. Ndikunye noBecky, intombi yam, ndinazo zonke iintlobo zezichazi-magama nezinto ebezinjalo ebesinokuzifumana. Aziyiniki impendulo. Bendinaso isichazi-magama seBhayibhile. Ndafumana isichazi-magama sakudala sesiGrike. Nda—Ndafumana esika—esikaWebster nezinye ezininzi, izichazi-magama zangoku. Akukho nesinye kuzo esibe nako noku . . . ukunika amazwi okanye impendulo, nangaluphi na uhlobo.

39 Inkosikazi yam yathi, “Ungathini ukulindela ukuba abantu bakuthi, abangabantu abangamahlwempu, abaninzi babo bengafundanga njengokuba sinjalo, ukuba babe nokuyiqonda into enjalo?”

Ndathi, “UThixo uyakusinika impendulo.”

40 Akunamsebenzi nokuba yinto exaka kangakanani na, uThixo angayiqhekeza ayithobe ayenze ibe lula. Kuba si . . . iyinxalenye yabo bantu balangazelela, bethandazela loo mini nelo lixa. Kwaye amehlo ahleli ebhekiswe eZulwini, kwaye sikhangele uKuza kwaKhe. Kwaye ndiqiniseke nje ukuba uyaKusibonisa. Ngoku, ayiyi kusixelela usuku neyure, kuba akukho mntu uyakuyazi loo nto, kodwa ngeliphandle iyakusixelela umhla weveki esiphila kuwo, ukuba nje sinokuwufumana.

41 Ngoku, kwisahluko se-4, uYohane waxwilelwa phezulu ngephanyazo, emva kweBandla. UYohane uyenyuka, wabona isigaba esipheleleyo seBandla. Kulapha apho ndingathanda ukukhe ndime khona, okomzuzwana nje, nditsho, ukuthi: abantu abaninzi abalindele into ethile enkulu emangalisa kakhulu, into ethile enamandla ukuba yenzeke, kwisigaba seNtlanga, ngokuqinisekileyo baphosisile. Isigaba seBandla, nako konke okuya kwenzeka, ngethuba lolawulo lweNtlanga, kubhalwe ukusuka kwiZityhilelo 1 ukuya kwiZityhilelo 3, zidibene. Laze ke iBandla laxwilwa lenyuswa, yaye konke oku kuseleyo, ukuya kwisahluko se-19, kokwenzeka kuhlanga lwamaJuda, emva kokuba iBandla linyukile. Yaye lixesha leMbandezelo enkulu, akukho nto yenzekayo phakathi kweeNtlanga; kukubulawa kuphela, njalo njalo, njengokuba sizakufika kuloo nto sibone.

42 Kodwa iBandla, ngokwaLo, limnke kwese-13 . . . Kumqolo wokugqibela wesahluko se-3 seZityhilelo, xa iSigaba seBandla saseLawodike siphela, esisesokugqibela.

43 Kwaye sithabathe isigaba sebandla ngasinye, xesha ngalinye, ntonganye eyathi yenzeka, nkwenkwezi nganye, mthunywa ngamnye, izimo zabo, izinto abazenzayo, saze sazizisa kwezembali zonke sade saza kufika kowokugqibela sazoba kanye apho emfanekisweni, ecaleni edongeni. Sathi ke sakugqiba, uMoya oyiNgcwele weza wangena wenza isangqa saloo nto inye edongeni, waze wayityhila ngokwaKhe kanye apha kuthi sisonke.

44 Ngoku, ekwenzeni oko, ndiyathemba, ekupheleni kwalento Uyakuza nento ethile ebaluleke kakhulu asibonise kwakhona ukuba sisekupheleni kwexesha.

45 Bangaphi kuni abebemvile uKennedy . . . intetho kaMongameli uKennedy, nentethwana eziphawulayo njalo njalo? Bangaphi abebekuvile oku kuchazwa kwangaphambili, kokuba ngoJanuwari ngowoku-1 kuqikelelwa ukuba iMelika

eManyeneyo neRashiya zombini ziyakuba luthuthu lwentaba-mlilo? Yiloo nto kuphela esifaneleyo. Kusemva kwexesha kunokuba sicinga. 'yabona? Ngoko, ukuba sisondele kangako ngokokude amadoda walo mhlaba aqikelele echaza kwangaphambili lento inkulu yoyikekayo ukuba iyakwenzeka, kungcono silumnke, yonke into ilungiswe, konke ukuvunywa kwezono kwenziwe, yonke into ihlale ilungile, kuba asazi ukuba kuxesha nini na eyakuthi iNkosi yethu ize kusibiza. Yaye xa ethe Walukhupha ubizo, "Nyukela ngasentla," kungcono ube ulungile. Kwaye oko kuyakuza ngeyure ongayikhumbulelanga.

46 Imvuselelo enkulu yenkonzo kaMoya ngoku iyaphela. Siyibona kuyo yonke indawo, ukushukunyiswa okukhulu kokugqibela. UMyalezo uphumile. Yonke into seyilungile ngoku, kulindiwe. IBandla litywinwe lagqitywa. Abakhohlakeleyo benza izinto ezithe chatha zokukhohlakala. Amabandla aya eba ziicawe ngokukhulu. Abangcwele basondela ngakumbi kuThixo. Izipho zikaMoya ziyaqala ukwanda kumaqela amancinane. Sikwixesha lesiphelo. Owu, ndiyalithanda ela culo sasikade silicula ebandleni.

Ndikhangele oko kuza kwaloo Mini yovuyo ye-Millennium,
Xa iNkosi yethu ethandekayo iyakuza ithabathe imnke noMtshakazi wayo;
Owu, intliziyo yam iyalila, inxanelwe loo mhla ukukhululwa okumnandi,
Xa uMsindisi wethu ayakubuyela emhlabeni kwakhona.

47 Silindele loo yure! Ngoku, kwisahluko se-5 nemiqolo ye-5, sifumanisa, kwisifundo sethu sangaphambili, ukuba sithethe ngoMhlanguli ongumhlobo, esithe safumanisa ukuba lowo yayinguKristu. Ezekeliswa noRute: uRute esenza isigqibo; uRute ekhonza, uRute ephumle. Esenza isigqibo, oko yayikukugwetyelwa; ekhonza, ezilungiselela, ungcwaliso; ephumle, wayenoMoya oyiNgcwele, kwade kwafika iSidlo soMsitho. Hayi ukuba ntle kwayo!

48 IBandla liphumela kuJohn Wesley, ugwetyelo, okanye. . . UMartin Luther, ugwetyelo, ukuphumela kuJohn Wesley, ungcwaliso; ngelikaMoya, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele; ukuze ngoku, ibe luphumlo, ukulindela uKuza kweNkosi yaKhe. Ngokugqibeleleyo!

49 UMhlanguli wethu onguMhlobo, amadoda amakhulu alungisa ukuMbiza ngokuthi yiMvana, eseyilungele ukuba yiNgonyama, njengomgwebi. WayeyiMvana, uyazi, ineNcwadi ematywina asixhenxe. Xa yayithabathayo iNcwadi, umsebenzi wokungxengxezela wawugqityiwe.

50 Ngoku, kwisahluko se-3, iBandla lalinyukile lemnka, kodwa ngoku intlangulo izakutyhilwa, ukuba elo Bandla

lalihlangulwe—lalihlangulwe kanjani na, isityhilelo soko kwenzekayo ngesigaba seBandla. 'yabona, iBandla limnkile, ngoko Yena uyabonisa ngoku, kwisahluko se-5, ukuba Wayenza njani na loo nto, oko kwenzekayo, ukuba Walitywinwa kanjani na iBandla. ISityhilelo seGama laKhe; ubhaptizo lwamanzi, kusetyenziswa iGama laKhe; uBomi obunguNaphakade; ukungabikho kwesihogo esinguNaphakade; imbewu yenyoka, ukhuseleko lwaNaphakade; zonke iimfundiso ezinkulu, ukumiselwa ngenxa engaphambili, kweBandla, okwathi kwatyhilelwa iBandla. Usibonisa ukuba Wayenza njani na loo nto.

51 Ngoku, uMhlobo wethu unikwa iNcwadi etywinwe ngaMatywina asixhenxe yeNtlangulo isuka kuMnini wayo wakuqala. Amen! Yayingubani, siyafumanisa, ukuba yayingubani na uMnini wayo wakuqala? NguThixo ngokwaKhe. "Yaze iMvana yeza yayithabatha iNcwadi esandleni sokunene saLowo uhleli phezu kweTrone." Yayingubani iMvana? uMhlanguli osisihlobo wethu osiSihlobo, iSihlobo kwiBandla, Owathi weza ukuza kuhlangula uSirayeli.

52 Ngoku sizakungena kuloo nto ngale ntsasa. USirayeli wayehlangulwe, kodwa oko akuzange kubalelwe kuye, kuba waMchasayo. Kodwa, iBandla layamnkela intlangulo yalo, kwaye Yena unguMhlanguli wethu osiSihlobo. Njengokuba uBhohazi wamhlangulayo uNahomi, ukuze afumane uRute, uMowabhi, ongowasemzini, iNtlanga; ngoko uKristu wamhlangula uSirayeli, wayisebenzisa intlangulo, yaze yaliwa.

53 Niyakukhumbula ukuxolelwa, ukuba indoda yadutyulwa, endidla ngokubalisa ngayo ngamanye amaxesha? Ngethuba lemfazwe yobukhaya, xa ikh . . . Yayiyindoda elungileyo, yayinyanisekile, baze bayifumanisa inetyala. Nakubeni, yayinetyala ngendlela ethile, yokuba yabaleka ngethuba ledabi. Kwaye bayifumanisa inetyala baye bezakuyidubula. Kwaze kwakho indoda eyaya kuMongameli uLincoln yathi, "Mnu. Lincoln, le ndoda inguMkristu. Ebisoyika lo mfana, ndiyabazi abantu bakowayo. Ibisoyika nje. Ibingazimisele kwenzakalisa. Yabaleka." Yathi, "Mnu. Lincoln, isezandleni zakho. Nguwe kuphela onokuyixolela."

UMnu. Lincoln wathabatha isiqwenga sephepha nosiba lwakhe, wasayina, "Uxolelwe," lo *Sibani-bani*. "Abraham Lincoln."

Yabaleka yabuyela ejele yaze yathi, "Nali. Ndikufumene ukuxolelwa kwakho."

54 Yaze loo ndoda yathi, "Ndiyala ukulujonga. Ibimelwe kukuba inetywina elikhulu kuyo. Ibiyakuba yinto yonke. Uzama nje ukundenza intlekisa. Ayingo-Abraham Lincoln. Nabani na usenokulisayina igama lakhe kodwa ibimelwe kukuba iqinisekiswe ngeTywina, nokunjalo, ukuba ibivela

kuye." Yaze yamcenga; nakubeni loo ndoda yayisentolongweni yacinga ukuba enye le yayiqhula, yaze yesuka yemnka.

Ngentsasa elandelayo, yadutyulwa. Waze wathi emva kokuba edutyulwe, kwakho ke ityala lenkundla yomanyano, ngokuba u-Abraham Lincoln, kumashumi amabini anesine eeyure ngaphambi kokuba loo ndoda idutyulwe, wasayina igama lakhe esithi le ndoda ixolelwe. Waze ke urhulumente wayidubula, nangoko. Ngoko kuthiweni? Ngoko inkundla yomanyano yezizwe eziManyeneyo zaseMelika, yathi, ifikelele kwesi sigqibo inkundla eManyeneyo, yathi, "Ukuxolelwa ayikokuxolelwa ngaphandle kokuba kwamnkelwe njengokuxolelwa."

55 Yaye uYesu wamhlangula uSirayeli eKalvari. Kodwa yayingekokuxolelwa oko kubo, ngokuba abazange bakwamnkele njengokuxolelwa. Kodwa, kwisifundo sethu ngoku kwezi veki zimashumi asixhenxe sifumanisa ukuba babuyile bamnkela ukuxolelwa kwabo. Kodwa, Walihlangula iBandla, ngoko sixolelwa ngokuba silamnkele iGazi likaYesu Kristu njengokuxolelwa.

56 Ngoku, sifumanisa ukuba Yena wayengumhlanguli osiSihlobo, Waze wathabatha iNcwadi esandleni soMini wayo wasekuqalekeni. Yayilixwebhu lelungelo lobunini kwintlawulelo. Sifumanisa loo nto. Niyakhumbula ngeso sifundo? Ilixwebhu lelungelo lobunini kwintlangulo. Lixwebhu lelungelo lobunini elingabonakaliyo likunye nayo, awathi uThixo wabiza ubomi ukuba bufe, emyezweni wase-Eden. Ngoko uYesu, Lowo ulilungisa, wafa wathabatha ixwebhu lelungelo lobunini, waze wanako ukuqhekeza aMatywina, watyhila oko kwakukuWo; wanikezela ngelifa, eyayilelaKhe, kubantu baKhe. UBomi obunguNaphakade, awathi Wabudla ilifa ngokwenza loo nto, Wadlulisela uBomi ObubobaKhe baphuma kwakhona, eKalvari, wasahlulela bona ngoMoya oyiNgcwele. Amen! Akukho mntu wakhe (akekho) wanako nkqu ukufikelela ekucingeni ngothando ekwakululo oko, loo nto Wayenzayo!

57 USathana, owayekhe wangumnini waloo nto ngenxa yesiwo sasemyezweni, ubotshiwe wajulelwa kwiDike loMlilo. Imihla yakhe iphelile.

58 UYesu, kwiVangeli, wayenezihlonipho ezine. Siyibambile loo nto. UNyana kaDavide, indlalifa kwiTrone; uNyana ka-Abraham, umnikelo wobukumkani; uNyana womntu, indlalifa yomhlaba; uNyana kaThixo, indlalifa yezinto zonke. Umnikelo wobukumkani!

59 KwiTestamente eNdala, into eyeyakho njengomhlaba yayingenakuba—yayingenakubanjwa ithuba elide kunamashumi amahlanu eminyaka. Yayingenakuchithwa

isuswe kumnini wayo wasekuqalakeni engabethanga amashumi amahlanu eminyaka. Kwakusithi ke ngosuku lwamashumi amane Ahlawule ixabiso. Ngosuku lwamashumi amahlanu, ukuhlangulwa namandla awayengaweBandla, awalahleka emyezweni wase-Eden, ahlangulwa abuyiswa, aze athunyelwa kuthi ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, ngosuku lwamashumi amahlanu.

60 Saze ke sachola oku, incwadi esongwayo. Sazichola iincwadi ezisongwayo, nendlela eyathi ngayo le ncwadi isongwayo yanikezelwa esandleni saKhe. Nendlela awathi ngayo uYeremiya, kuYeremiya 32:6, umzala wakhe, u-Anamiyeli, wayemshiyele ilifa elithile. Kwaye babesiya ekuthinjweni. Ntoleyo, siyakungena kuyo, kunye naye, ngenye intsasa: ekuthinjweni. Kwaye laligcinwe kwisitya esisesomhlaba; oko kubonisa ukuba aphi na amandla kaThixo, neencwadi ezisongwayo neemfihlelo zikaThixo, ziyaziwa, ngaphakathi entliziyweni. Icebo lethu lokuhlangulwa, kwalona ligcinwe kwizitya ezizezomhlaba, iGama likaYesu nesityhilelo.

61 Sifumanisa ukuba oku kwakutywinwe ngaMatywina aSixhenxe, yaye Tywina ngalinye lalijijelwe. Ukuze kuthi sakufika isityhilelo, Wa-litsala iTywina, aze alikhulule afunde oko lalikuthetha eloo Tywina. Aze Akhulule elilandelayo, incwadi esongwayo, afunde oko lalithetha kona iTywina. Akhulule elilandelayo, alitsale livele abone ukuba lalithetha ntoni na iTywina, nokuba sasiyintoni na isityhilelo. Yiloo nto kanye ke awethu aMatywina aSixhenxe, esiza kungena kuwo kwakutshanje, siyathemba, ayakuyenza. Tywina ngalinye, xa lithe lakhutshwa eNcwadini, liyakusonjululwa, ukuze loo nto ibonise ngokuchanekileyo ukuba kwenzeke ntoni na.

62 Sifumanisa ukuba kukho "isixhenxe," isihlanu kwicebo lentlangulo. Sisihlanu eloo nani. Yaye zizixhenxe ezihlanu; aMatywina aSixhenxe, iMimoya eSixhenxe, iiNgelosi eziSixhenxe, amaXilongo aSixhenxe, nezigaba zexesha eziSixhenxe. Ngoko, uyabona, izizixhenxe ezihlanu lubabalo. Isihlanu lubabalo, isixhenxe ibe yingqibelelo. Ngoko ngokuchanekileyo nje ihamba ngokuthe ngqo, 'yabona. Kulungile.

63 Njengokuba, iTywina ngalinye laphulwe kwiLizwi likaThixo, lityhila kubantu beso sigaba, siphila kwesiphi isigaba sexesha, umoya weso sigaba, ibandla leso sigaba. IZityhilelo 10, ekugqibeleni, sifumanisa ukuba xa elaa Tywina lokugqibela laphulwayo, sifumana iNgelosi imi ngonyawo olunye phezu komhlaba, olunye luphezu kolwandle, izandla zaYo ziphakanyiselwe eZulwini, kukho umnyama phezu kwentloko yaYo, ifunga Lowo uphila ngonaphakade kanaphakade, ukuba ixesha liphelile, ngeTywina lokugqibela. Kwaye linda side sifikelele kuloo Matywina ubone ukuba liphi na eloo Tywina. Emva kokuba uzifumene iiveki ezimashumi

asixhenxe, ngoko uyakubona ukuba aphi na aMatywina, "Ixesha liphelile," ukuhlangulwa kudlule, ngoku UyiNgonyama noMgwebi. UnguMsindisi wakho ngale ntsasa, kodwa ngenye imini uYakuba nguMgwebi wakho.

64 Eye-8 ukuya kweyo-1 . . . umqolo we-14 wesahluko se-5 utyhila ixesha lokudunyiswa kweMvana, kokubini eZulwini nasemhlabeni; iNcwadi ematywina asixhenxe, iMvana efanelekileyo, uMhlanguli osiSihlobo. Ukuze ukusukela kumqolo we-8 ukuya kowe-14, iNgelosi ziMdumise, amadoda amakhulu aMnqule, iZidalwa eziphilileyo ziMdumise. Kwaye uYohane waMnqula kangangokuba wade wathi, "Sonke isidalwa esiseZulwini, emhlabeni, phantsi komhlaba, sandiva ndisithi, 'Iintsikelelo, uzuko, amandla, ubulumko, makube kuyo iMvana.'" Lixesha lokunqulwa kweMvana uKumkani. Ngoku, iBandla selimnkile, ukhumbule.

65 Ngoku masibuyele kuDaniyeli isahluko ke se-9, umqolo we-1 ukuya kwimiqolo ye-3. Ukuze ke sithabathe eyama-20 ukuya kweyama-27, ngokuba lo ngumthandazo nje kaDaniyeli. Ndifuna ukuba niyifunde le ndawo niyiphindaphinde, iveki yonke, ngoku, nide niyiqonde.

> *Ngomnyaka wokuqala kaDariyo unyana ka . . . Mbewini yamaMedi, owaba ngukumkani phezu kobukumkani bamaKhaledi;*
>
> *Ngomnyaka wokuqala wobukumkani bakhe mna Daniyeli . . . -qonda, ndaqonda ngazo iincwadi inani lee . . . minyaka elafikayo ngayo ilizwi likaYehova kuYeremiya umprofeti, ukuba kuzaliswe emashumi asixhenxe ngokusingisele kumanxuwa eYerusalem.*
>
> (Ngoku) *ndabubhekisa ubuso bam kwiNkosi yam uThixo, ukuba ndifune imithandazo nezitarhuziso, ndizila ukudla, ndinezirhwexayo, nothuthu;*
>
> *. . . ndathandaza ke kuYEHOVA . . . uThixo wam, ndavuma ndathi, . . .*

66 Ubheka phambili naphambili ke, side ngoko sifikelele kumqolo we-20. Ukonga ixesha, abantu bemile, ndifuna ukufika kowama-20, side sihle ngoku siye—kumqolo wama-20.

> *Ndathi ndisathetha ndithandaza, ndivuma isono sam nesono sabantu bakowethu amaSirayeli, ndiwisa ukutarhuzisa kwam phambi koYEHOVA uThixo wam ngenxa yendaba engcwele yoThixo wam;*
>
> Ke, *ndisathetha ngokuthandaza, indoda enguGabriyeli, leyo ndayibonayo embonweni ekuqaleni, yaqalisa . . . yenziwa ukuba ibhabhe ngokulula, yasondela kum ngexesha lomnikelo wangokuhlwa.*
>
> *Yandiqondisa, yathetha nam, yathi, Daniyeli, ngoku ndiphumile ukuba ndikufundise uqonde.*

67 Ukuba sasinokuba lapho! WaYifumana njani? Emthandazweni.

INgelosi, “indoda.” Uyaqaphela, wayibiza ngokuba Yiyo, “indoda.” Kwaye yayikwisimo se. . .

> *Kwaphuma ilizwi ekuqaleni kokutarhuzisa kwakho,* (leza kuyo ukuba ihambe), *mna ndize kulixela kuwe; ngokuba ungonqwenelekayo:* ukuba. . . *liqonde ke ilizwi, uqonde umbono.*
>
> *Bamiselwe iiveki ezimashumi asixhenxe abantu bakowenu nomzi wakowenu,* okanye isixeko sakuni, *ukuba sithintelwe isikreqo,. . . zitywinwe izono, bucanyagushelwe ubugwenxa, kuziswe ubulungisa obungunaphakade, utywinwe umbono nomprofeti, ithanjiswe ingcwele kaNgcwele.*

Nantso ke injongo entlu-ntandathu yokuza kwaKhe. Ngoku qaphela.

> Ngoku, ngoko ke, *yazi ke uqiqe,* (ngoku mamela) *ukuba kuthabathela ekuphumeni kwelizwi lokuba ibuyiswe yakhiwe iYerusalem kuse. . . kuMthanjiswa oyiNganga ziiveki ezisixhenxe,. . . ziiveki ezimashumi mathathu anambini: eyakubuyiswa yakhiwe ibe banzi, icandwe, ekucuthekeni kwamaxesha.*
>
> *. . . emveni ke kweeveki ezimashumi mathandathu anambini uyakunqunyulwa uMthanjiswa, angabi sabanto: umzi ongcwele uyakutshatyalaliswa ngabantu benganga eyakuza—ngabantu benganga eyakuza. . . umzi nengcwele; ukuphela kwayo kuyakuba ngomkhukula,. . . kude ke kuse ekupheleni kuyakuba yimfazwe luphanziso olumiswe lwagqitywa.*
>
> *Abaninzi yobaqinisela umnqophiso* (phulaphula) *iveki enye*, enye kwezi veki zingamashumi asixhenxe: *ngesiqingatha seveki iphelise imibingelelo ne. . . minikelo yokudla, ize ngamaphiko ezinto ezinezothe ingumphanzisi, side ke siphalazeke isiphelo, sise simisiweyo sagqitywa phezu kwayo impanziso.*

68 Ngoku, naso isifundo sethu okwezi nkonzo zintathu, zine zintlanu, nokuba iyakuba yintoni eyakuyityhila iNkosi. “Iiveki ezimashumi asixhenxe.”

69 Ngoku, ndizakucela uDoc, ukuba anganako ngokuhlwanje, ukuba axhome ibhodi yam phaya, ukuze ndibe nako ukuwuphawula. Andifuni ukuba niwuphose. Ngoku nimelwe kukufundisisa kunye nam, nifundisise nzulu ke, kungenjalo niyakuwuphosa. Kwaye ndifuna ukuzoba apha ebhodini, ukuze nina nize neentsiba zenu nephepha nibhale le mihla, laa maxesha, nayo yonke into ngawo.

70 Ngoku, iiveki ezingamashumi asixhenxe ziqala (ngoku nikufumane oku) emva kokuba iBandla selithatyathwe lakhutshwa. Ngoku, wonke umntu oyiqondayo loo nto, athi, "Amen." [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngoku, emva kokuba iBandla selithatyathwe lakhutshwa.

71 ISityhilelo 6:1 ukuya kwiZityhilelo 19:21, oko kunxibelelene neeveki ezingamashumi asixhenxe, ngoko ke simelwe kukuthi sime sicacise, phambi kokuba sihambele phambilana. Simelwe kukuthi sicacise ukuba kungenxa yantoni ukuba singene kwezi veki zingamashumi asixhenxe, kuba, ukuba anazi, niyakuphoswa ngaloo Matywina, niyakuphoswa ngaloo maXilongo, niyakuphoswa zezo Ngqayi, zezo Zibetho, loo mimoya mithathu ingcolileyo injengamasele, aboo Yeha bathathu, ukulahlelwa ngaphandle kwenamba ebomvu, umfazi oselangeni. Niyakuphoswa yiyo yonke loo nto, ukuba anazi, ngokuba yenzeka kanye apha kule veki yamashumi asixhenxe. Nako apho yenzeka khona.

72 Ngoku umprofeti uDaniyeli wayeseBhabhilon isithuba samashumi amathandathu anesibhozo eminyaka. Nina nifuna ukukhangela ezinye iindawo ezibhekiselela koku, nizongele ixesha, endithe kwafanela ndi—ndiyikhangele ngalo. Ngamashumi amathandathu anesibhozo eminyaka! Waya ebukhobokeni ngo B.C. 606, kwaze kwathi ekufikeni kombono kwango—kwango-B.C.538. U-538 xa umthabatha ku-606, kushiyeka amashumi amathandathu anesibhozo. Ngamashumi mathandathu anesibhozo eminyaka awayesele eBhabhilon ngawo, phakathi kwabahedeni, wabe nangoko esenoloyiso. Amen. Asinakuhlala nangangeyure.

73 Kodwa wayelapho kanye embindini, kungekho mntu ngaphandle kwabahlobo abathathu, bona ke bekwiindawo ezahlukeneyo zobo bukumkani. Kodwa, uDaniyeli, emi yedwa kunye noThixo, walubamba uloyiso isithuba samashumi amathandathu anesibhozo eminyaka. Yicinge loo nto! Andifuni ukuqalisa ukushumayela, ngokuba lo imelwe kukuba nguMyalezo wokufundisa. Kodwa, amashumi amathandathu anesibhozo, wahlala enoloyiso engangcolisekanga, phambi koThixo; ngaphandle kobhaptizo loMoya oyiNgcwele, ngaphandle kweGazi likaYesu Kristu ukuba limenzele intethelelo; ikuphela ngegazi leenkunzi zenkomo, neebhokhwe, namathokazi, awamelwe kukuwanikela ngokusekhusini, ngenxa yezithethe zabahedeni beloo zwe. Babethatyathwe behliswa besiwa. UYeremiya waprofeta ngabo, ukuba babezakuhla.

74 Ngoku, uDaniyeli, owu, bethu, wayeqalisile ukubona ukuba ixesha lalisondele, kanye njengokuba sinjalo namhlanje. UDaniyeli waqalisa ukuthi "uqonde," watsho, "ngokufundwa kweencwadi."

Ngomnyaka wokuqala wobukumkani bakhe . . . Daniyeli . . . wobukumkani bakhe mna Daniyeli ndaqonda ngazo iincwadi inani le . . . minyaka, ngoko ke . . . *elafikayo ngayo ilizwi lika YEHOVA ku Yeremiya umprofeti, ukuba kuzaliswe iminyaka emashumi asixhenxe . . . ngokusingisele kumanxuwa e Yerusalem.*

75 UYeremiya, ngo B.C. 606, waprofeta, ngenxa yezono zabo nokungahloneli Thixo kwabo, ukuba bayakuhlala amashumi asixhenxe eminyaka.

76 Niyakhumbula, ukuba kwakukho omnye umprofeti owenyukayo ngaloo mhla. Andilikhumbuli igama lakhe ngeli xesha. Ndisenokunikhumbulela lona e—emizuzwini embalwa, kum ukuba ndingakhe ndikhangele emva okwethutyana. Kodwa wenyuka wathi, "Yeremiya, uyaphosisa. UThixo uzakumgcina uSirayeli apho ezantsi iminyaka enga, yenga, malunga nemibini."

77 UYeremiya wathi, "Makube njalo. Amen." Wathi, "Kodwa yima umzuzu nje. Wathi mna nawe masihlolane, njengabaprofeti." Wathi, "Khumbula, ukuba bekukho abo babeprofeta phambi kwethu, kwaye baxela izinto ezaziphosakele. Kwaye uThixo wasebenza ngabo ngenxa yokuba bathetha izinto eziphosakeleyo. Ngoko, masiqiniseke. Kodwa iNkosi uThixo indixelele ukuba ngamashumi asixhenxe eminyaka esaseleyo."

UThixo wambetha loo mprofeti wobuxoki, wabuthabatha ubomi bakhe kwakuloo nyaka, ngokuba uThixo wayemxelele lo mprofeti wenyaniso ukuba yayiyakuba ngamashumi asixhenxe eminyaka.

78 Kwaye ndifuna ukuba uqaphele indlela awathi ngayo uDaniyeli, esengowasemzini, esakhutshelwe ngaphandle kubantu bakowabo, ekhutshelwe ngaphandle kwenkonzo yakhe, engafumani nenkonzo enye, engenabandla anokuya kulo, engenamaculo aculwayo koko ikoko wayekucula ngokwakhe, phakathi kwako konke oku, wahlala ebambelele njalo kwinto eyathethwa nguloo mprofeti. Amen! Amen!

79 Engenabandla anokuya kulo, kungekho mntu anokufumana ubudlelane naye; wonke umntu wayesiya kwiitempile zabahedeni, wonke umntu wayenqula isithixo sakhe. Kungekho maculo aBukristu; akukho mntu wayekholelwa lento akholelwa kuyo. Kwaze kwathi kumashumi amathandathu anesibhozo eminyaka, ukusukela esengumfana omalunga neshumi elinesibini, ishumi elinesine leminyaka, ekuhlisweni kwakhe esisiwa apho, wabambelela ngokunyanisekileyo kuThixo; waze waqonda ngoYeremiya umprofeti ukuba iintsuku zazisezakuzaliseka.

Ingathini ukungayenzakalisi intliziyo yakhe nawuphi na umprofeti onyanisekileyo kaThixo namhlanje, ukuba sikhangela emva sibone ukuba wathini na loo mprofeti wenyaniso, sazi ke ukuba sikwixesha lesiphelo.

80 Wathi, “Ndaqonda ngeencwadi awathi uYeremiya, umzalwana wam, kwemininzi, iminyaka emininzi eyadlulayo, waprofeta ukuba uSirayeli uyakuhlala apha ezantsi amashumi asixhenxe eminyaka. Yaye elo xesha seliza kuzaliseka.” Waze wazilungiselela. Wabiza inzilo, waze wazingcwalisa, kwaze kwathi . . . enothuthu nezirhwexayo, walugalela entloko kuye, wangena ekuzileni nasekuthandazeni, ukuze aqonde ngokuba yayinguwuphi na umhla ababephila kuwo.

81 Yaye ukuba uDaniyeli, umprofeti weNkosi, wayenokuya kwincwadi zikaYeremiya, zide zimzise kuloo meko; ngokokude uSirayeli aphume, bebonke bephilile, bephuma eBhabhilon, ukubuyela kwilizwe labo, yayinokumenza loo nto azile ngezirhwexayo nothuthu. Kungakanani ukufanela ukuba iBandla likaThixo ophilileyo, l-azi ukuba ixesha liyanyamalala liyaphela kwaye alisayi kuba sabakho; kuza ukuBuya kweNkosi uYesu Kristu, neMillennium uphumlo lewaka leminyaka olukhulu lulungiselela ukuqalisa! Singathini ukuchitha ixesha elingenankcitho, sidlala amaqashiso, sidada iiCawe zonke, singenaxesha leNkosi? Sibaleke nje . . . Ukuba umlungiseleli uthe wathetha ngenye into ongayithandiyo, uphakame uphume. Kwaye ukuba i—inkonzo ithabathe ixesha elide kakhulu, kuba, wena—wena, awa—awanelisekanga. Khangela kwimeko yethu. Khangela koko sikwenzayo.

Thelekisa ubomi bethu kunye naloo mprofeti. Indoda enye, ikubukumkani buphela, ingenabandla inokuya kulo, kungekho ndawo yimbi inokuya kuyo. Yayaphuke yatshiseka yaphela; isixeko sakowayo, abantu bakowayo babesekuthinjweni. Amashumi mathandathu anesibhozo eminyaka, amashumi amathandathu anesibhozo, amashumi amathandathu anethoba, amashumi asixhenxe; yayishiyekelwe yiminyaka emibini. Ngoko yathi yakuqalisa ukufunda encwadini yabona ukuba ixesha lalisondela ukuba lizaliseke, yaya kuThixo emthandazweni, ukuba ifumanise malunga naloo nto.

82 Lixesha elinjani! Senza ntoni thina? Xa, “Izizwe zisaphuka; ulwandle lugquma; iintliziyo zabantu zisilela kukoyika; amaxesha okudideka.” Zonke ezi zinto, umbhalo useludongeni. Ukubhidlika kweentlanga; zonke iintlobo zokungcola ziqhubeka ehlabathini; nokuxoxisana, nokulwa, nokuxambula. Izixhoba zijinga kwiindawo zeenqwelo-moya, esa sizwe sincinane sinye singangokuba ingako iCuba apha ezantsi sinokutshabalalisa ihlabathi ngemizuzu elishumi. Babe bona bexambulisana omnye nomnye, amadoda angenathixo angamaziyo uThixo engawazi namandla aKhe.

Ube uMoya oyiNgcwele eBandleni, uhamba phakathi kwabaNyuliweyo, eZibonakalalisa ukuba uphilile emva kwamawaka amabini eminyaka, ukuba usekwanguYe izolo, namhlanje, nangonaphakade. Singathini ukuhlala ngobuvila? Singathini ukubaleka nje sidlule phezu kwayo? Lixesha lokuba sibe besilungiselela ukuhamba, silindele loo yure inkulu isondelayo.

83 Ngoku, wafunda kuYeremiya isahluko sama-25. Masityhile ngaphaya kuYeremiya, isahluko sama-25, sifunde oko uYeremiya wakuthethayo. Eneneni, masiqale kwivesi ye-8, kuba yi . . . Ndifuna ukuqiniseka ukuba niyayifumana. Ivesi ye-11 yiyo endiyibhale apha phantsi ukuba ndizakuyifunda, kodwa masiqale ngevesi ye-8.

Ngako oko utsho uYEHOVA wemikhosi; . . .

Ndiyayithanda nje loo nto. Xa ndinokuva umprofeti ephakama no-ITSHO INKOSI uTHIXO, mzalwana, yiyo leyo. Kum, kuyaphelela apho. Kuphelele apho.

> *. . . utsho uYEHOVA wemikhosi; Ngenxa enokuba ningawevanga amazwi am,*
>
> *Yabonani, Ndithumela ukuba ndiyithabathe yonke imizalwane yelasentla, utsho uYEHOVA, ndithumela uNebhukadinetsare ukumkani waseBhabheli, umkhonzi wam, ndiyizisele . . . phezu kweli lizwe, naphezu kwabemi balo, naphezu kwezi ntlanga zonke ngenxa zonke, ndizisingele phantsi, . . .*

Khumbula, bona babengabanyuliweyo bakaThixo Athetha ngabo. Yayingengobantu bangakholwayo. Yayingamalungu ebandla.

> *Ndoliphelisa phakathi kwazo izwi lemihlali, . . . nezwi lemivuyo,* (njengokuba sinalo namhlanje, wonke umjuxuzo irock-and-roll, uRicky no-Elvis,) kunye, owu, *izwi lomyeni, . . . izwi lentaka . . .* okanye, *lomtshakazi, gxebe, izwi lokusila, . . . nokukhanya kwesibane.*
>
> *Eli lizwe lonke liyakubharha, . . .*

Yiva loo mprofeti ekhwaza, "Lo mhlaba uwonke uyakuba yinkangala!" Kwaye ingekokulinganisa esi sicaka sikhulu sikaThixo, kodwa ndiyaprofeta ukuba esi sizwe siphela siyakuba yinkangala. UThixo uzakusigweba esi sizwe ngenxa yezono zaso. Ukuba uThixo akanakumvumela uSirayeli, umnyulwa waKhe, iMbewu ka-Abraham, awenza umnqophiso kunye naye, kuba Wayengenakubavumela ukuba basinde besenza ububi; nakuba babengabantu abanqulayo buqu, benamabandla amakhulu, nababingeleli, noorabi; kodwa ngenxa yokuziphatha kakubi nezinto ezaziphakathi kwabo, waza uThixo wabenza ukuba bavune oko bakuhlwayelayo, siyakufumana okukwanjalo. Ivesi ye-11.

. . .eli lizwe lonke liyakubharha, yaye. . .kube senkangala;. . .

Oko kukuthi, wonke umntu uyakujonga athi, “Nabaya. Babe bakhulu kakhulu. Khawubajonge ngoku.”

. . .ezi ntlanga zimkhonze ukumkani waseBhabheli iminyaka emashumi asixhenxe.

Bubomi bonke obo. Kuxa owakho omdala, umama wakho omdala wayeselusana. Babelapho ngaphandle koThixo, bengenabandla, kungekho culo, bengenayo nantoni na, isizukulwana siphela, sade sonke esoo sizukulwana sonayo safa saphela.

Kuyakuthi ke, xa izalisekileyo iminyaka emashumi asixhenxe, ndimvelele ukumkani waseBhabheli, nolo hlanga, ngenxa yobugwenxa babo, utsho uYEHOVA, nelizwe lamaKaledi, ndolenza kube senkangala ngonaphakade.

Ndilizisele elo lizwe onke amazwi am endawathetha ngalo, into yonke ebhaliweyo kule ncwadi, ayiprofetileyo uYeremiya ngeentlanga zonke.

Ngokuba ziyakuwakhonzisa nawo iintlanga—iintlanga ezininzi nookumkani abakhulu: ndiwavuze. . .ngokwemisebenzi yawo, nangokwezenzo zezandla zawo.

Ngokuba utshilo kum uYEHOVA uThixo kaSirayeli ukuthi; thabatha le ndebe yewayini yobushushu esandleni sam, useze ngayo iintlanga zonke, endikuthumela kuzo, zisele.

Ngamanye amazwi, “Yeremiya, ndikunike lo myalezo. Musa ukuhlala uthule. Musa ukuhlala ndaweninye, koko profeta kuzo zonke izizwe.” Niyayilandela? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] “Profeta kwisizwe siphela. Bonisa ngemiqondiso yaM nemimangaliso, ubenze bazi ukuba Ndiyeza ukuza kwenza loo nto.”

Zisele, zihexe, zigeze, ngenxa yekrele endiluthumela phakathi kwazo.

84 Benza ntoni kanye kulo mhla? Bakubiza ngokuba u—ungumprofeti wobuxoki, bakubiza ngokuba u—ungowenzelelelayo, bakubize u—ungoyibaxayo, ungochaza okuza kwehlela abantu ngokuxilonga, okanye umphuphi wamaphupha, okanye uhlobo oluthile lomfundi wengqondo ngobuchwepheshe. “Bayakuphambana!” Kwaye igama *ukuphambana,* ukuba uyakulicalula, lithetha “ukulahlekwa yingqondo.” “Bayakuthi eneneni balahlekwe yingqondo, bathi, ‘Aha, musani ukumhoya laa mqengqeleki ungcwele, laa mfeketho,’ ngenxa yeLizwi eNdiyakulithumela kubo.”

85 Niyazibona ezembali ziziphinda? UYeremiya wayengenakuvumelana nabo baFarisi babo, abaSadusi,

amaHerode, nokuba yintoni ababeyiyo. Yena, wakhupha nje iLizwi, laze Labenza bamphambanela. Intoni? Ngoku qaphela.

Ndayithabatha ke indebe esandleni sikaYEHOVA,
ndaziseza zonke iintlanga . . .

UYeremiya wayengahlali ekhaya. UYeremiya wayengahlali nje kwindawana enye, kodwa wayesenza ukuba zonke izizwe zilisele.

. . . awandithumela kuzo uYEHOVA:

86 UYeremiya wathabatha iLizwi leNkosi, iwayini yeLizwi laKhe. Kwaye iwayini ingamandla eLizwi laKhe. Iwayini ngamandla. Iwayini sisinxiliso. Iwayini inamandla kuyo. "Kwaye ndithabathe iLizwi leNkosi," watsho uYeremiya, "ndenza ukuba Libonakalaliswe. Iwayini, amandla akuLo, ndawabonakalalisa phambi kwabo, baze bona abafuna kuLiva."

UThixo wathi, "Ngoko Ndiyakubathumela isithuba samashumi asixhenxe eminyaka eBhabhilon." Yiloo nto kanye Awayenzayo. Abangamalungisa nabangemalungisa baya, ngokufanayo.

87 Ngoku, sibuyele esifundweni. UDaniyeli wayefunda. Cinga nje, uDaniyeli efunda kwala Mazwi siwafunda ngale ntsasa. UDaniyeli wafunda kwale Bhayibhile inye, kwa ezi ziphumlisi, kwale miqolo, kwale nto inye ndifunda yona, ngoncedo lukaThixo, ndiyakunifundela kwiMiyalezo embalwa ezayo, kwale nto inye, ukuba ndinibonise ukuba sikwixesha lesiphelo.

Yaye uDaniyeli, wathabatha iLizwi elivela kuYeremiya, wehla waya kungena eBhabhilon. Yaye wayengumprofeti othanjisiweyo. Waza wenza imimangaliso, umqondiso, wakwazi ukutolika iilwimi ezingaziwayo, wenza imiqondiso nemimangaliso phakathi kwabo. Ukanti, wayemi yedwa, eyedwa jwi! Amen! Wema yedwa.

88 Kodwa uYeremiya wayebhale la Mazwi kwemininzi, kwiminyaka emininzi ngaphambi koko. Wabe uDaniyeli etolika iLizwi, wafumana . . . "Wathi, ngoku yima umzuzu. Sisondela ekupheleni kwexesha, ngokuba sele silapha ezantsi namashumi amathandathu anesibhozo eminyaka. Yaye umprofeti weNkosi," amen, "umzalwana wam, umprofeti wenene kaThixo owaziqondakalalisayo ukuba ngumprofeti, wasiprofetela. Ndinaso sibhalwe apha encwadini, ukuba wathi, 'Ngamashumi asixhenxe ayakuzaliseka.' Owu Nkosi Thixo, siyasondela esiphelweni. Sonke eso sizukulwana safa saphela. Uyakwenza ntoni Wena ngoku, Nkosi? Wathembisa ukusithumela . . . " Waze wazilungiselela, ukuthandaza.

89 Owu Thixo, ukuba kwakhe kwakho ixesha esimelwe kukuhlala ngokolungelelwano, ukuba sithandaze, kungoku.

Kuba, thina njengomkhonzi waKhe wenyaniso, siyabona, ngeeNcwadi zabapostile, ngeziyalo zikaMoya oyiNgcwele, ukuba sikumhla wokugqibela. UMoya oyiNgcwele uyaLithetha. “Ngemihla yokugqibela, abantu bayakuba ngabazithandayo, abakratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo, izityhuthu-tyhuthu, abancethezi, abangenakuzeyisa, abangenakuthanda kulunga.” Oko ndikuqonda ngeleta.

90 Kwaye ndiyaqonda ukuba kuyakufika abagxeki, ngomhla wokugqibela. Ndiyaqonda ukuba kuyakubakho ukuvukelana kwesizwe nesizwe, ngomhla wokugqibela. Ndiyaqonda ukuba kuyakubakho ukuvuthuza kwamaza olwandle, ngomhla wokugqibela. Ndiyaqonda ukuba kuyakubakho imibono eyoyikekayo, enjengezinto ezibhabha esibhaka-bhakeni ezingaziwayo, emazulwini, imibono eyimfihlelo, iintliziyo zabantu ziphele kukoyika. Kuyakufika ixesha lendideko, nokuxinzeleleka ngokwasengqondweni ebantwini. Ndifunda ukuba bonke bayakungena emibuthweni ngemibutho, babe nomanyano lwemibutho, ngomhla wokugqibela. Ndiyaqonda ukuba abafazi bayakunqothula iinwele zabo ngemihla yokugqibela. Ndiyaqonda ukuba bayakunxiba impahla ezimfutshane, bahambe ngezihlangu ezinezithende eziphakamileyo, beqhashiza ukuhamba kwabo, ngomhla wokugqibela. Ndiyaqonda ukuba imo yokuziphatha iyakuba yephantsi kakhulu ngomhla wokugqibela. Ndiyaqonda ukuba abashumayeli bayakungabalusi bobuxoki ngomhla wokugqibela, abaya kwenzelelela, yaye abayi kubondla abantu ngeLizwi likaThixo, koko bayakulandela imigaqo nezinye izinto, endaweni yoko. Kodwa ndiyaqonda ukuba kuyakubakho iZwi eliyakufika ngomhla wokugqibela, likhwaza phandle entlango, libiza abantu ukuba babuyele kuMyalezo wakuqala, babuyele kwizinto zakwaThixo. Ndiyaqonda, ngeNcwadi, ukuba zonke ezo zinto ziyakwenzeka.

91 Ndiyaqonda ukuba ngemihla yokugqibela kuyakubakho indlala eyakufika. Amabandla ayakuzibumba kangako, azilungise kangako nayo yonke enye into, ukuze ngemihla yokugqibela kufike indlala, yaye ayisayi kuba yindlala yesonka namanzi kuphela, koko iyakuba yeyokuva iLizwi lenyaniso likaThixo. Yaye abantu bayakusuka empuma, besuka entshona, besuka entla, nasezantsi, befuna ukuva iLizwi lenyaniso likaThixo. Kodwa amabandla ayakuzibumba aziqinise, kangangokuba asilele ukuLiva. Ndikuqonda oko ngeeNcwadi. Kodwa, ngaloo mhla, Owu Thixo, kuyakubakho iSebe eliyakuvela kuDavide.

92 Ndiyaqonda ukuba Uyakuthumela u-Eliya phambi kokuba loo mini ifike ekupheleni kwexesha, yena ke uyakuba noMyalezo oya kuguqula iintliziyo zabantwana azibuyisele kooyise, ababuyisele kokwasekuqalekeni, babuyele emva

kwakhona esiphelweni, baqalise. Ndiyaqonda ukuba oko kuyakwenzeka kanye nje phambi kokuba uMoya alishiye ibandla leeNtlanga, ukuze abuyele kumaJuda.

93 Yaye andikuqondi ngaLeta kuphela oko. Ndikuqonda ngeLizwi, ngeLizwi elibhaliweyo, lokuba uSirayeli uyakubuyela emhlabeni wakhe; yaye ndiyambona engena apho.

94 Ndikuqonda ngeeLeta oko, zabaprofeti, ukuba uSirayeli uyakuba sisizwe. Kwaye uyakubuya ayimise itempile yokunqula. UThixo uyakusebenza kuye kwakhona xa ekwilizwe lakhe. Owu! Abaprofeti ababini bayakuvela ngemihla yokugqibela, kubo. Ndiyayiqonda loo nto. Kanye njengokuba iBandla leNtlanga liphuma, abaprofeti ababini bayakufika, u-Elisha noMoses, kuSirayeli. Sizakuyifumana loo nto njengokuba siqhubela phambili.

95 Umprofeti walibona ixesha ukuba lalisondele ekuzalisekeni apho ezantsi eBhabhilon. Kulungile.

96 UGabriyeli uyavela, ukuza kutyhila hayi kuphela oko wayebuza malunga nako, koko ukuza kumxelela yonke indlela ukusuka ezantsi eyayimiselwe olo hlanga lwamaJuda, konke ukuya kutsho esiphelweni. Amen! Wabuza intwanana, wafumana into epheleleyo. Wayecela nje ukwazi . . .

97 UDaniyeli wayezama ukufumanisa, "Iselithuba elingakanani na, Nkosi, eliseleyo ngoku? UYeremiya umprofeti, isicaka saKho, umzalwana wam, waprofeta kumashumi amathandathu anesibhozo eminyaka eyadlulayo, wathi, 'ngamashumi asixhenxe eminyaka abayakuthi aba bantu babelapha ngayo.' Sonke isizukulwana esidala ngeliphandle siphelile ngoku."

98 Kukho isizukulwana esidala sePentekoste esavelayo, kumashumi amane eminyaka eyadlulayo. "Abalwi bakudala," babebizwa ngolo hlobo. Bazenza umbutho, baze babetha, baxambulisana, konke ukuhla ngeNtaba yeHorebhe neNebo, konke kuloo ndawo. Kodwa, ekugqibeleni, sisemlanjeni ngoku. Uzakuvelisa esitsha, kunye noYoshuwa ukuba athathe indawo. Umthetho wasilela; uMoses wahamba kunye nawo; uMoses wasilela. UYoshuwa wabathabatha wabaweza. Sifumanisa ukuba imibutho isilele, kodwa uMoya kaThixo . . . uYoshuwa, igama elithi *Yoshuwa* lithetha, "Yesu Msindisi wethu." Ngoko, uMoya oyiNgcwele uyakungena eBandleni. Hayi umbutho, koko uMoya oyiNgcwele uyakungena phakathi kwabantu wenze ukuba Lilungele ukunyuka, ukuwela iYordane. Ndiyaqonda ngokufunda iNcwadi ukuba yiloo nto eyakwenzeka. Yaye uThixo uyazi ukuba yiloo nto endizungula yona ngoku, ukuze ndibe nokubanelisa abantu baKhe ndibaxelele ukuba yintoni na ezayo, kokubini apha ngale ntsasa, nakwizizwe zonke ayakuthi la makhasethi aye kuzo, kwihlabathi liphela, ukuba sikwixesha lesiphelo.

99 Watyhila yonke indlela bade uBukumkani baba bubuyiselwe ngokupheleleyo kungena iMinyaka eliwaka yophumlo. Yayingulowo umyalezo kaGabriyeli. Wathi, “Ndize kukuxelela ukuba ngamashumi asixhenxe eminyaka, ziiveki ezingamashumi asixhenxe, ezisaseleyo, ezimiselwe abantu bakowenu, zimiselwe ukuphelela kwisizukulwana samaJuda. Ngamashumi asixhenxe eeveki.” Ngoku khangela oko Wakuthethayo. Ukuba ngoku, ukusukela ekuphumeni ukuza ekubuyisweni . . .

Bamiselwe iiveki ezimashumi asixhenxe abantu bakowenu . . . nomzi wakowenu, . . .

“Umzi wakowenu.” IBhabheli yayingengomzi wakowabo. Wona . . . Wawuphi umzi wakowabo? YiJerusalem.

100 Ngoku, ngokusiya kwi—kwisixhenxe, okanye ekungqinweni kobuntlantlu-ntandathu, siyakufumanisa ukuba siyintoni na eso sixeko, size sisizise size siqondakalise ukuba yayingubani na, ngubani na owasisekayo, ukuba sivela phi na. Siyakuma ithuba elingakanani na? Ingaba siyakwakhiwa kwakhona? Ngeliphi ixesha? Owu, zinkulu izinto esizigcinelweyo. Kulungile.

Bamiselwe iiveki ezimashumi asixhenxe abantu bakowenu . . . nomzi wakowenu, ukuba sithintelwe isikreqo, . . .

Ngoku, Akazange athi, “Daniyeli . . .” Kodwa akuthandabuzeki ukuba yiloo nto nje awakuxelela yona ezimashumi asixhenxe ezazi . . . Ndithetha, iminyaka engamashumi asixhenxe eyayiseyiza kuzaliseka. Ngamashumi amathandathu anesibhozo, kusele nje iminyaka emibini. Kwaye sifumanisa ukuba oko uYeremiya wakuprofetayo kwakuchanekile kanye. Iminyaka emibini emva koko, baphuma. UNehemiya waya wafumana umyalelo kukumkani, waza walakha udonga ngexesha lokuxineka. Basebenza. Wathi, “Udonga . . .” Phula phula ngoku.

. . . sithintelwe isikreqo, . . . zicinywe izono, . . .

“Ukupheliswa kwesono.” Koobani? KumaJuda. “Kumiselwe abantu bakowenu,” hayi iiNtlanga. “Kubantu bakowenu,” amaJuda. “Nomzi wakowenu,” hayi iNew York, hayi iBoston, iPhiladelphia, iChicago, iLos Angeles, iRome. Koko, “Ngumzi wakuni.” IJerusalem.

. . . sithintelwe isikreqo, . . . zicinywe izono, . . . bucanyagushelwe ubugwenxa, kuziswe ubulungisa obungunaphakade, utywinwe umbono nomprofeti, ithanjiswe ingcwele kaNgcwele. (Khangela!)

Yazi ke uqiqe, ukuba kuthabathela ekuphumeni kwelizwi ukuba ibuyiswe yakhiwe iYerusalem (eyayingumzi wakowabo) *kuse . . . kuMthanjiswa oyiNganga ziiveki* (kwezimashumi asixhenxe) *ezisixhenxe . . .*

101 Linda side sifike kuloo nto! Owu, bethu! Yintsikelelo leyo endiyi . . . Ndizakuzifumanela intambo ndizibophelele endaweni ethile apha.

102 Yatyhilwa yonke loo nto ukuhla, wathi, "Andizi kukuxelela kuphela ngoku ukuba loo minyaka mibini isondele, izakuphela. Igqityezelwe." Yaye siyazi sonke ukuba bahlala ngokuchanekileyo iminyaka emashumi asixhenxe, baze—baze baphuma, ngokuchanekileyo kanye njengokuba umprofeti watshoyo. Yaye u-Isaya, okanye ndithetha . . . uDaniyeli wakholwa nguloo mprofeti, ngoko yayinguye lowo, sele elungile. Kulungile. Yaye yena . . .

103 Ke ngoku, xa uGabriyeli wafikayo, Wathi, "Ndize kukubonisa yonke indlela, ukukutyhilela ngezi zinto, ukuba, konke ukuya kuma esiphelweni." 'yabona? Khangela.

. . . isiphanziso *kube senkangala, side siphalazeke isiphelo,* . . .

104 *Ukupheliswa* kuthetha "isiphelo sezinto zonke." "Ndizakukubonisa into eyakwenzeka." Ngoku phulaphula. Yiqonde! "Mna . . . Daniyeli, ndithunyelwe. Uyathandwa eZulwini. Kwaye Ndiyivile imithandazo yakho ndaye ndihlile ngoku ukuza kukuxelela oko kumiselwe amaJuda neYerusalem, ukususela ngoku kude kube sisiphelo sokupheliswa kwezinto zonke, yonke into"

105 Ngoku, niyaqonda, bafundi? Ukuba sinokufumanisa ukuba ziyintoni na ezi veki zimashumi asixhenxe, siyazi ukuba sinini na isiphelo sezinto zonke. Owu, bethu! UThixo makasincede ukuba siyazi loo nto. Iyasixelela kanye kwindawo ethile kula maphepha, ngokuchanekileyo ukusukela ngelo xesha kude kube leli xesha, kude kube sesiphelweni sezinto zonke, yaye ayisayi kuphosa nomzuzu omnye.

106 Indlela elithi ngayo iLizwi elikhulu likaThixo . . . Xa uThixo wenza umhlaba wawubeka ukuba ube kwindawo yawo yokujikeleza. Kwaye ndandishumayela ngobunye ubusuku, ngokuhlwa kwangeCawe, ngokuba akukho nanye into esilelayo. Kuba, eli hlabathi lijikeleza ngokuchanekileyo kanye ngokude babe nako ukwazi ngokuchanekileyo ukuba ilanga nenyanga ziyakudlula-na nini na, kwiminyaka engamashumi amabini ukusuka ngoku, umzuzu kanye ngokuchanekileyo. Ndinokukuxelela, nangasiphi na isibali-xesha esinaso ehlabathini; siyakulahlekwa yimizuzu emibini okanye emithathu ngenyanga, okanye kongezeke imizuzu emibini okanye emithathu, kokungcono koko sinako. Akukho nto sinokuyenza igqibelele kangako. Ngokuba, inye kuphela into egqibeleleyo, nguThixo ke lowo. Yaye uThixo neLizwi laKhe yinto enye, ngoko iLizwi likaThixo ligqibilele.

107 Kwaye ukuba sinokuzifumanisa ezi ntsuku, siyakufumanisa ngokuchanekileyo ukuba siyakuba nini na

isiphelo sezinto zonke. Niyayifumana? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] "Kumiselwe kude kube sisiphelo sezinto zonke." Ivesi yama-24, "abantu bakowenu nomzi wakowenu ongcwele," oyiYerusalem. Sifumene eyama-21 . . . ivesi yama-24 apha. UYesu wayibhekiselela kulo Mateyu 24.

108 Ngoku, uMzalwana Collins, ukuba ukho apha kusasanje, andazi nokuba ukhona na okanye hayi. Kwimibuzo ngobunye ubusuka, wabuza umbuzo. (Ndiyaqonda ukuba kulungile ukuba ndithethe loo nto, Mzalwana Collins.) Malunga, "'Nesikizi nesiphanziso,' 'yabona, ukuba lithetha ntoni na?"

109 UYesu wathetha ngalo, kuMateyu isahluko sama-24, kwaye masifumanise. Ewe, uMateyu 24:15. Ngoku mandisifumane nje ngokukhawuleza okukhulu, ukuze ndibe nokubona ukuba yintoni na, uYesu awayethetha ngayo kwangale nto inye apha, ebhekiselela emva kuDaniyeli. KuMateyu 24:15, kuni nina bazibhalayo. Ndifuna ukuba, mntu ngamnye ngoku, ingakumbi ngokuhlwanje na—nakwiCawe elandelayo, eze eziphathele iintsiba namaphepha, kuba si . . . Ngaphandle kokuba ube unesishicileli-mazwi. 24, nomqolo we-15, "Ke ngoko xa . . . "

Xa ke ngoko nithe nalibona isikizi lesiphanziso, ekwakuthethwa lona ngoDaniyeli umprofeti, . . .

Cinga! Ngoku kukumakhulu amane anamashumi asibhozo anesithathu, -anesine, -anesihlanu, amashumi asibhozo anesithandathu eminyaka ngaphambi kwakhe. Kumakhulu amane anamashumi asibhozo anesithandathu eminyaka ngaphambi kwakhe.

. . . ngoDaniyeli umprofeti, limi endaweni engcwele, . . .

Ngoku jongani eziBhayibhileni zenu. Loo nto ikwizigweqe.

. . . (olesayo, makaqiqe:)

110 Ngoku, uthetha kumaJuda. Afuna ukwazi, "Malunga nale tempile? Iyakutshatyalaliswa nini na? Iyakuphinda yakhiwe nini? Liyakuba nini ixesha apho kungayi kubakho litye phezu kwelinye? Iyakuhlala ixesha elingakanani?"

111 Wathi, "Xa uthe wabona 'isikizi lesiphanziso, limi apho . . . ' Daniyeli, 'limi endaweni engcwele.'" Wathi, "Xa uthe wakubona kusenzeka oko, ngoku makathi ofundayo aqonde ukuba uthetha ngantoni na."

Naso isizathu sokuba sibe siyathandaza kuThixo, ukuba ayenze loo nto igqibelele kangako, ukuze kungabikho nesinye isithunzi sokuthandabuza. Ngokuba, asimelwe kufaka ngcaciso iyeyethu kwezo zinto. Imelwe kukuza ngo-ITSHO INKOSI. Ngoko, ndiyiyeka kanye kuloo ndawo ndide ndibe nokuyiqonda.

Kwatyhilwa zonke izinto kuye, i "sikizi."

112 Ke, khumbula, oko kuyintsingiselo embaxa, kanye njengo, “Ukubiza unyanawan aphume eYiphutha.” Njengoko uSirayeli wabizwa waphuma; ngokunjalo noYesu, uNyana waKhe, wabizwa waphuma.

Yiloo nto kanye ke eyakwenzeka ngokuchanekileyo, ngokuqiniseke njengokuba ndimi apha. Kwaye Wayenza ngolo hlobo, waze Wayenza yafihlakala, yafihlwa yonke kwiBandla. Owu, sisakungena kuloo nto, koko kuqonda kuntlantlu-ntandathu, indlela athe Wayigcina yonke ifihliwe kwiBandla; ukuze iBandla libe liyikhangele mzuzu ngamnye, lingazi ukuba Uza nini na. Kodwa ngoku isigaba seBandla sesiza kuphela, ngoko lilungele kanye ngoku uKuza, liyazilungiselela nje.

113 Nasi esona sibaluleke kakhulu kwiZibhalo ezikule Ncwadi. Senza ntoni? Sixela ukuvalwa kwesizwe samaJuda, abantu abangamaJuda. ISibhalo, amashumi asixhenxe eeveki, sityhila sichaze ngokuchanekileyo ukusukela kwixesha awathi ngalo uDaniyeli waqalisa apho, kude kube sisiphelo sokupheliswa kwezinto zonke. Sisesinye sezona zalatha-maxesha zibalulekileyo. Bangaphi abakhe bandiva ndisithi, “Ukuba ufuna ukwazi ukuba ngolwesingaphi na evekini, khangela kwikhalenda. Ukuba ufuna ukwazi ukuba leliphi na ixesha esiphila kulo, khangela kumaJuda”? Injalo loo nto. Yiyo leyo ekaThixo ikhalenda, iqala kanye ukususela apha. Nasiphi na isifundiswa sezakwalizwi, nasiphi na isifundiswa seBhayibhile, nabani, uyakukuxelela ukuba esi sisalatha-maxesha, amaJuda.

Ngoku, leliphi ixesha esinalo? Thina nje . . . bantu, kushushu, owu . . .

114 Akunanto yakwenza neeNtlanga; laa Matywina aSixhenxe, izibetho eziSixhenxe, ooYeha abaSixhenxe, amaXilongo aSixhenxe, akanayo kwanto yakwenza noko. IBandla leeNtlanga liyakube liseBuqaqawulini ngelo xesha. Akunanto yakwenza konke nathi, Bandla leeNtlanga. Kusebenza kuphela ngoSirayeli. “Daniyeli, abantu bakowenu neYerusalem.”

115 Ngoku, oku kutyhila iinyaniso zokuba uThixo usebenza ngamaJuda kuphela xa esemhlabeni wawo. Haleluya! Nantso apho ndicinga ukuba ichane ucwethe khona, kanye kuloo ndawo.

Basoloko bezama ukuyenza iqale ngexesha uSirayeli wayelapho ngexesha likaDaniyeli. Kwaye omnye umbhali omkhulu . . . Kuba, ndiyazi ukuba abanye babalandeli bakhe bahleli apha, andizi kuyithetha. Kodwa naso isizathu sokuba babe babanayo yonke lento yobuxoki.

116 Ubuyazi indlela awathi ngayo amaMillerite, ngaphambi kokuba babe ngama-Seventh Day Adventist, into abayenzayo apha phezulu? Ngokwe-1919, bazifakela iimpiko, (nakhe nayibona nonke loo nto kwiphepha i-Courier), baze banyuka

apha ukuba babhabhe, ngaloo ntsasa. Babeyithabatha kwiiveki ezimashumi asixhenxe zikaDaniyeli. Aha, amaMillerite. Ngoko, emva kwexesha, ngoNkosk. Ellen White, owayengumprofetikazi wabo, bajika bazibiza ngokuba bangama-Seventh Day Adventist. Ke ngoku balitshintshile elo gama labayi The Voice of Prophecy. 'yabona? Ngamagama amathathu esingisele kumbutho omnye wokholo olugwenxa.

117 Ngoku, kodwa abakho nyanisweni, ngokuba bazama ukubhekiselela loo mashumi asixhenxe eeveki kokubini kumaJuda nakwiiNtlanga. Yaye Uthe apha, "Kokwabantu bakowenu." Kwaye uThixo akazange asebenze ngamaJuda engaphandle kwePalestina. Yaye ngethuba likaMesiya, kumashumi asixhenxe, kwiiveki ezimbini, wanqanyulwa, (engenzelwa Yena; ngenxa yethu, wanqanyulwa), uSirayeli wachithwa-chithwa, yaye akakhange, (akazange) abuyele kumhlaba wakhe kwade kwakule minyaka imbalwa idlulileyo. Ngoko, elo xesha lalingabalelwa kwisigaba seBandla. Niyayifumana? [Ibandla, "Amen."—Mhl.]

Alinakuba ngowe-1919. Ndinganibonisa into eyenzeka ngowe-1919, kodwa ngoku kwakuxa iNgelosi, xa umyalezo weNgelosi yesithathu wathi waqhubeka kwaza kwaphuma uYeha. Ngokuchanekileyo. Kodwa yayingeko . . . Leyo yayikuku-miswa kwemfazwe ngendlela engummangaliso. Siyifumana loo nto kwisahluko se-7 sakufika kuso, sakufika kwisahluko se-7. Nakhe nandiva nonke ndishumayela ngaloo nto, amaxesha amaninzi, 'yabona, xa umyalezo weNgelosi wathi, "Yibambeni imimoya emine yomhlaba side siwatywine amaJuda, abakhonzi." Ke, ngoku, ahlala elindile sade sonke isigaba seNtlanga sabe sisusiwe.

Ngoko xa Engena, ngoko—ngoko Utywina amaJuda, ikhulu elinamashumi amane anesine amawaka lamnkela uMoya oyiNgcwele. Nalo ikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka, litywiniwe. ISityhilelo 7. Nakhe nasifunda.

"Ndaze ndabona isihlwele esikhulu sele siseZulwini," wasibona uYohane, "sazo zonke iintlanga, iilwimi, nezizwe, baye bemi phambi koThixo benamasundu ezandleni zabo, bethiwe wambu ngezimhlophe, becula. 'Haleluya! Amen! Uzuko, ubulumko, imbeko, ukomelela, amandla, makabe kuThixo wethu ngonaphakade kanaphakade. Amen!' bekhwaza."

118 UYohane wayengenakuyiqonda ngoko. Kodwa wakhangela emva waza wabona phezu kweNtaba yeSinayi, (ubuqaqawuli) ikhulu elinama-shumi amane anesine amawaka elalingazingcolisanga ngabafazi. AmaJuda! Abafazi, amabandla! Ayengazange ajoyine mibutho, ubuLuthere, ubuWesile, ubuBhaptizi, nobuRhabe. Kodwa ayehleli engamaJuda ukusukela ekuqalekeni ama-Orthodox,

enetempile yawo apho, enqula phezu kweNtaba yeSinayi. Nalo ikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka. Ngoko kuyakube kusemva koku; iBandla liseBuqaqawulini. 'yabona?

119 Ngoko, uMnu. Smith wayephosisa, kunyanzelekile ukuba kube njalo. Kuba, uyakuthini ukuyibhekiselela phaya ngowe-1919, uthabathe ikhulu elinamashumi amane anesine lamawaka ulikhuphe? Ngoko ubuyele emva kubuRussellite kwakhona. 'yabona? Ngoko ubuyele emva kwimfundiso yobuRussellite, yokuba, "UYesu ubuya ngowe-1914. Ngowe-1919 Wathabatha iBandla laKhe. Ke ngoku Ungumzimba ongabonakaliyo ojikeleza phezu komhlaba, evukile . . . esiya kwingcwaba likamakhulu kwingcwaba likatatomkhulu, ebavusa, bonke abo babengamaRusselite." Yimfeketho leyo! Ayiphatheki ngokweLizwi. Ayisayi kuba nasiphumo siyinyani. Hayi, mhlekazi. Ayingekhe.

120 Kodwa, uThixo unayo iNyaniso. Yaye uThixo nguYe OnokuYityhila aYibeke kuloo ndawo, aYibonakalise ngokuchanekileyo, kuthi. 'yabona? Ndiyakholwa ukuba Uyakuyenza loo nto. Andiyazi. Ndinixelela iNyaniso. Andazi, kodwa ndiyakholwa. Ndiyakholwa ukuba Uyakwenza njalo.

121 Ngoko, uyabona, uThixo akazange asebenze ngamaJuda. (Ndifuna ukuba uyigcine engqondweni lento) okoko uSirayeli . . .

122 Yiloo nto ebendizama ukuyixelela lo mzalwana uhleli ngaphaya, uthetha ngokuya kwaSirayeli, hlala kude kuSirayeli! Hlala kude kuye, nonke bantu nithetha ngokuguqula amaJuda. Phambi kokuba lo Myalezo uphele, niyakubona ukuba ungu-ITSHO INKOSI, ngeLizwi nangoMoya. USirayeli uyakuguqulwa, isizwe siphela, ngobusuku obunye. IBhayibhile yatsho. Kodwa iVangeli ayiyi nokuya kubo. Zikho izibhadu-bhadu ezimbalwa ezingaphandle, nokunjalo-njalo, eziya kungena, ezingaphandle kowona-wona mzimba wobuJuda, eziya kungena zisindiswe. Yinyaniso leyo. Ndiyakholwa kuloo nto nge—ngentliziyo yam yonke.

Kodwa, khumbula, okoko nje uSirayeli engaphandle kwesizwe sakhe, akanakusindiswa. Ngoku ayajika. Yaye bayakusindiswa, isizwe siphela, ngamini inye. IBhayibhile yatsho. Ngemini enye; bayakuziswa, ngokupheleleyo, uSirayeli wonke abuyiselwe kanye kuThixo. Kuyakubakho into enjalo enkulu eyakubetha uSirayeli ngenye yezimini, ngokude ishukumise isizwe siphela. Nkqu umprofeti wakhwaza, wathi, "Uyenze ngamin'inye le nto." Ngamin'inye, baYakuyibona. Kuyakubakho into enamandla.

123 Eyam imbono, iyakuba ngumprofeti onamandla oyakuvela eme phambi koSirayeli, amqondakalalisele ukuba uMesiya usaphila. Ukuba uMesiya abamalayo nguye . . .?. . .

124 Abo bafunda laa Bhayibhile incinane ngoku, le Bhayibhile kaSirayeli. BaYifunda ukusukela ngemva ukuza ngaphambili, indlela abaYifunda ngayo. Kwaye niyazi indlela ulwimi lwesiJuda olubhalwa ngayo. Ke ngoko bakuYifunda . . . Yaye bafunda leyo uLewis Pethrus wayithumela apho ezantsi kuwo, isigidi seeBhayibhile. Athi, "Ukuba lo uYesu . . . " Yayingawo lawo amaJuda awayekhuliselwe ezantsi e-Iran, nasezantsi apho, angazange eve nto injengoMesiya. Athi ke akulungiselela ukubuyela emhlabeni wawo, kuba, ayengakwazi nokukhwela kwezo nqwelo-moya. Ayesalima ngamakhuba akudala. Nakhe nayifunda loo nto kulindi-nyanga i*Look*. Bangaphi abakhe bayifunda loo mihlathi kwi-*Look* nakwi*Times* ulindi-. . . ? Kuba, ngokuqinisekileyo nayifunda. 'yabona? Ayengavumi ukukhwela apho. Laa rabi mdala wema apho wathi, "Khumbulani, umprofeti wethu wathi siyakuphindela emhlabeni wethu siphezu kwamaphiko okhozi." Haleluya!

Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,
Imiqondiso eyachazwa kwangaphambili yiBhayibhile;
Imihla yeeNtlanga ibaliwe, izele zintsizi;
"Buyani, Nikhululelwe, kwelenu."

125 Kungcono uvuke. Wakhe waliva waphinda u-kuliva, waphinda ukuliva, kodwa iyakuba lilixa lokugqibela, ngolunye lwezi ntsuku. USirayeli ubuyela emhlabeni wakhe. Ngaloo mhla uThixo ayakubalela uSirayeli ekubeni usisizwe, yiloo mini kungasayi kuze kubekho enye iNtlanga esindiswayo.

126 Ndiza kuyiqondakalalisa loo nto ngeeveki ezimashumi asixhenxe, ukuba nje ndinozifumana ezo ntsuku. Ndiza kuya ngaphaya . . . ndiye kufumana izalatha-maxesha senzululwazi yeenkwenkwezi, ne—neseJulian, esenkwenkwezi, nesama-Roma, nazo zonke. Zikho ezizezinye, kwindawo ethile. Ikho into ekhoyo. UThixo uyazi malunga nayo, yaye, Yena—Yena unako ukuyityhila. 'yabona? Ndiyazi ukuba ikhalenda i-Julian inamakhulu amathathu anamashumi amathandathu anesihlanu anesinye kwisine seentsuku, ngonyaka. Ngoko, owu, iphithene nje yonke, kodwa ikho inyaniso, ndaweni ithile.

127 Ndibona amabandla amaninzi kangako, imibutho emininzi kangako, abantu abaninzi behamba *ngale*, abanye, "Ah Mariya," abanye benqula *le* na*leya*, n*enye*. Imelwe kukuba khona iNyaniso, ndaweni ithile. Umelwe kukuba ukho uThixo, kwindawo ethile. Umelwe kukubakho uMyalezo, kwindawo ethile. Ndibona abaprofeti bobuxoki bevela, besenza ngokungathi bacalula iingcingane, nazo zonke ezinye iintlobo zezinto ziqhubeka. Ngoko, kumelwe kukubakho omnye owenene, ndaweni ithile, ekuthi oko kulinganiswa kube kukulinganiswa yena.

128 Ndibona abantu besiya bengena enyameni, bekhwaza, beqhubela phambili, baze baphume baphile zonke iintlobo zobomi. Kumelwe kukuba kubekho uMoya oyiNgcwele wenene apho, kwindawo thile. Ndibona abantu bezenza abangabenkolo, njalo njalo, bezama ukuba ngabaphakamileyo. Ndiyazi ukuba ukho uThixo wenene, ndaweni ithile. Ukho uMoya oyiNgcwele wenene, ndaweni ithile, kuba loo nto bubuhana-hanisi bakudala obulinganisa wona, obuthile bobuxoki bakudala. Kumelwe kukuba kubekho into ethile eyinene: umntu, abantu, iBandla, uThixo. Kumelwe ukuba kubekho into ethile eyinene, ndaweni ithile, kuba ezi zizilinganiso nje zayo. Ikho into ethile eyinene, ndaweni ithile.

129 Ndathi kweli bandla, malunga nezipho zenu. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza epulpitini kane—Mhl.] Phulaphulani izipho zenu; zigcineni ziseBhayibhileni. Musani ukumisela ngenye into, ngeli thuba isibhaka-bhaka sizele zeziyinene. Masigcine ezo ziyinene. Masifumane eziyinene kungenjalo singabi nazo nokuba nazo. Amen.

130 Ngoku, ngokusondeleyo, kuyinene ukuba uThixo usebenza ngoSirayeli kuphela xa ekumhlaba wakhe. Masithabathe ngethuba uThixo . . . u-Abraham washiya elakowabo wehla waya kungena eYiphutha, kwenzeka ntoni? Wahamba wemnka kwintando kaThixo, akaze asikeleleke wade wabuyela emhlabeni wakowabo. UThixo akazange asebenze ngaye, hayi ngambono, hayi ngayo nantoni na eyenye, wade wabuyela emhlabeni wakhe.

131 Khangela kuSirayeli xa wayethunyelwa ezantsi eYiphutha, amakhulu amane eminyaka. Akukho mmangaliso, akukho mqondiso, akukho nanye into eyenzekayo phakathi kwabo, ayibhalwanga kwezembali iiNcwadi. Yayisekwayiloo nto indala yamashumi alithoba anethoba; yaya enkonzweni, yanikela ngemvana yenza "Aha Mariya," okanye nantoni eyayiyo, phindela emva. Unyaka ozayo, ikwayiloo ndlela. Ababingeleli babexambulisana, "URabi *uSibani-bani*! Sizakunyula uRabi *uSibani-bani*. Unokufunda okuthe chatha. Wazi ngokungcono ngamaYiphutha." Into yokuqala uyazi, amaYiphutha na—nabo bebonke, babeyinto enye.

132 Yiloo nto inye eyenzekileyo kwibandla. Sisonke siye kubuWisile, okanye ubuBhaptizi, okanye ubuRhabe. "Saza safumana isidanga esiphuma eHartford! Sinezidanga eWheaton! Sinezidanga eziphuma kwenye indawo, okanye uBob Jones! Thina, sinesidanga iBachelor of Art! SineD.D, LL.D., okanye enye into eyenye!" Ifumbe yaya ekubeni yintoni loo nto? Inqumba yemfitshi-mfitshi.

Kuyiloo ndlela kwakuyiyo eYiphutha. Yaye uThixo akazange asebenze ngoSirayeli wade waya kufika emhlabeni wakhe.

133 Ndiveni! ITSHO INKOSI, uThixo akasayi kusebenza ngeBandla laKhe lide Libuyele kumhlaba walo, uMyalezo weli lixa. Buyelani kowakuqala! Yahlukanani neembono zenu zobuWisile, ubuBhaptizi ubuRhabe; ezenu zobuPentekoste, Assemblies, uBunye, ubuThathu, nobuHlanu, nokuba yintoni na eyenye; ibandla likaThixo, ubuNazarene, ubuPilgrim Holiness, ibandla likaKristu, zonke ziintshukumo zobuchasi-kristu! Kwaye ndiyaqaphela ukuba oku kufikelela kwihlabathi lonke. Yonke loo nto iphosakele; iyonke yeyoMtyholi. Owu, bethu! Akho amadoda anobuthixo kuzo zonke ezo zinto. Bakho abantu abanobuthixo kuzo zonke ezo ntshukumo. Kodwa umbutho, ngokwawo, awungokaThixo, yaye uThixo akasayi kuze awusikelele. Akazange ayenze loo nto.

134 Ndicela nawuphi na ongowezembali (oyakuliva eli khasethi) ukuba abhale andixelele nanini na, ibandla elathi lazenza umbutho, ukuba uThixo akazange alibeke phaya angakhe asebenze ngalo kwakhona. Ndixelele apho wakhe wabuvusa ubuLuthere kwakhona, ubuWisile nobuMethodist, okanye umPentekoste. Akazange! Umbutho walala apho, wangenwa kukonakala wabola! UThixo wathabatha abantu ngabanye wazama ukukhombisa abantu emva kwilizwe labo. Basuka ke, abo bantu ngabanye babhetye-bhetye kangako bangoosisi, benohlobo oluthile lwesidanga, bade bazibumba benza omnye umbutho, bawenza wangumntwana wesihogo ngokuphindwe kabini kunokuba ubunjalo indawo yokuqala.

135 Kodwa ndaweni ithile, ngokuqinisekileyo, uYehova unendoda Anokuyibeka ezandleni zaKhe, engasayi kwenzelelela kunye nabo . . . -nabuthixo, umbutho ongenabuthixo; eyakuthi ijike abantu ibabuyisele kwiLiwa, uKristu Yesu, babuyele kwiPentekoste yasekuqalekeni nakuMoya oyiNgcwele wasekuqalekeni, ngemiqondiso yakuqala nemimangaliso yakuqala. Ngokuqinisekileyo Unayo, ndaweni ithile, engasayi kugoba phantsi kwalo naluphi na uhlobo lwentshutshiso, ibaleke, iphele, iwe, nayiphi na enye into; eyakuhlala nalo.

UThixo akazange amsikelele uSirayeli wade wabuyela emhlabeni wakhe.

136 UThixo akanakuze akusikelele, ungumWisile, umBhaptizi, umRhabe, umKatolika, okanye umPilgrim Holiness, umNazarene, ibandla likaKristu, okanye—okanye umbutho wakwaMoya. Akasokuze akusikelele ngolo hlobo. Buyela emhlabeni wakowenu, ekuqalekeni, ubuyele kumava wakwamoya njengokuba enzekayo ngoMhla wePentekoste xa aMandla kaThixo ophilileyo aguqula loo mawaka abantu, azenza zavutha iintliziyo zabo ngoMlilo kaThixo, owabonakala uyinene; hayi imiqondiso yokulinganisa, hayi ukufundwa kwengqondo kobuchwepheshe obuthile bokwenziwa, hayi impoxo ethile, ukuya kungena kukhuphiswano lukaxhup-xhup njengokuba

sinalo eMelika. “Ngubani onokuba neyona ntente inkulu?” Okanye, “Ngubani nokuba nesona sihlwele sikhulu?” Kwenza wuphi umahluko kuThixo oko? UThixo ufuna abantu banyaniseke entliziyweni, hayi isihlwele esikhulu. Kwaye sisonke sinokhuphiswano lukagxuphu-gxuphu apha, siyabaleka. Lelinjani ihlazo, ukubona ukuba singongeza elinye iwaka kunaye kumbutho wethu. Lihlazo. Ufuna sibuyele emva kwiNyaniso, sibuyele kuMoya, emva ekuKhanyeni okukuko, sibuyele emva kwindlela ephakamileyo kaKristu, sibuyele eNyanisweni. Angathini ukuba Asisikele ngolo hlobo? Akasokuze.

137 Akazange amsikelele uSirayeli engadanga abuyele kwilizwe ledinga. Yaye bathi bakubuyela kwilizwe ledinga, imiqondiso nemimangaliso yaqala ukwenzeka. Wathumela indoda kanye phakathi kwabo, egama linguMoses. Wehla nantoni loo Moses, imfundo yakhe yezakwalizwi egudisiweyo? Ingaba wehla nesidanga iBachelor of Art? Ingaba wehla ne LL.D., Ph.D.? Wehla enamandla kaYehova, ekwanomyalezo, “Buyani, kwilizwe, siye kwilizwe lakuthi. Buyani, Owu nikhululwe, ukuba niye kwelenu.” Amen!

138 Isithuba esisondele kumawaka amabini eminyaka, amaJuda ebengaphandle komhlaba wawo, echithwa-chithwe yimimoya yomine yomhlaba. Indlela ebesinokuthi siwenze ngayo lo Myalezo uthabathe iveki ngoku, ukuba sinokungena kwiinkcukacha. Singamkhupha uSirayeli abuyele umva sibonise ukuba wasasazwa nini na luLawulo lwama-Roma, ekwaleni kwakhe uMesiya; indlela awagxothelwa ngayo kuzo zonke izizwe eziphantsi kweZulu.

Sibuyele kuYakobi, uSirayeli, emva kwiGenesis 44 nama-45, sibonise apho emva indlela ababesikelelwe ngayo abo mawokhulu wabaxelela ngokuchanekileyo apho kuyakuba khona ukuma kwabo ngemihla yokugqibela. Yaye ndinganikhombisa ngokuchanekileyo (sonke isizwe) sikaSirayeli, sizwe ngasinye sakwaSirayeli, simi ngokuchanekileyo ezizweni apho kwathiwa siyakuba khona. Yaye naku ke namhlanje.

139 AmaJuda la siwaziyo, asingomaJuda wenene. AmaJuda enyaniso ngalama-Orthodox wenene angazingcolisanga ngezinto zehlabathi, angahambanga aphuma ajoyina ezinye iinkonzo. Ngawo la abuyela phaya ngaphesheya, aphila ngokudla isonka samasi nesonka, phezu kwenduli, engavunyelwa ukuba angene kweso sixeko sakudala. Kwafuneka ukuba azakhele isixeko kweli cala, kumhlaba ongengokabani, bekhonjwe ngoomatshini nemipu macala omabini. Kodwa uqalisile ngoku ukuvelisa amasebe akhe. Amen, amen kwakhona! Ixesha lisondele.

140 Kukho u-Ishmayeli no-Isake, bemi apho, bexambula malunga nomhlaba, nangoku, kodwa ungokaSirayeli. Ukuba

kuthe kwenzeka uwele ungene kwiJerusalem entsha, abayi kukuvumela ukuba uze kwiJerusalem endala. Umelwe kukuqala apho kuqala baze bakucacisele yona yonke, ama-Arab, baze bakuthathe bakuse kwelinye icala. Ngabantwana baka-Ishmayeli abo. Kodwa, linda, kukho ixesha elizayo xa abantwana bakaThixo bayakuthabatha ulawulo. Injalo loo nto. IJerusalem iyakwakhiwa ngokutsha. Amadini emihla ngemihla ayakumiselwa.

Umchasi-kristu ke uyakwenza umnqophiso kwiveki ezintathu zokugqibela. Yaye embindini wazo, uyakuwaphula loo mnqophiso, abajikele kubuKatolika. Isikizi liyakusasazeka kuyo yonke, ngolo hlobo, size ke isiphelo sibekho.

141 Khangela, "iiveki ezimashumi asixhenxe." Ewe, basondele kumawaka amabini eminyaka bemnkayo. Babegxothiwe ngoku. Bangabantu njengokuba kwakunjalo ukwenziwa lukhuni kwentliziyo kaFaro. Kwanyanzeleka ukuba ayenze lukhuni intliziyo kaHitler. Izigidi zawo zafa. Khangela kulo-Eichman, onetyala lokubulala izigidi ezithandathu zamaJuda. Izigidi ezithandathu zawo, imiphefumlo yabantu, iintsana, abantwana abadala, bonke babulawa; ngu-Eichman, indoda enye. Khangela kwiRussia, indlela enawakhuphela ngayo phaya ngaphandle. Bawatyhalela kuyo yonke indawo. Ebesisizwe esideliweyo.

142 Kodwa ngenxa yokuthanda imali kwawo, abuya kwakhona. Kodwa amasalela amancinane abuyela ePalestina. Amen, bazalwana! Xa nimbona eqalisa ukungena emhlabeni wakhe!

143 Angena apho ngoku ukuya kwenza malunga nekhulu elinamashumi amane anesine amawaka. Kwenzeka ntoni ke? Bayakumazi uYosefu. Ungakhathazeki. Ewe, mhlekazi. Yaye bonke beme apho belindele ukuba kwenzeke loo nto. Kwangaloo yure ke iyakuthi . . .

144 Izizwe ziwavumile ukuba asisizwe, kulo nyaka uphelileyo. Xa kuthe kwathi chapha oko, sikufutshane nesiphelo, iBandla leNtlanga limnkile. Ngoko, kungenzeka naxesha nini na, uThixo angathi, "USirayeli ngabantu baM." Xa kwenzekile oko, iiNtlanga kuphelile ngazo.

145 "Bayakunyathelela phantsi," watsho uYesu, kuMateyu 24. "Isikizi lesiphanziso, bayakunyathelela phantsi iYerusalem kude kuzaliseke ixesha leNtlanga." Lakuba liphelile, ngoko amaJuda ayakubuyela eYerusalem, ukuza kumisela ngokutsha itempile nonqulo lwetempile. Sizakuyifumana yonke loo nto kwiMiyalezo elandelayo, amashumi asixhenxe eeveki zenjongo entlantlu-ntandathu.

Ngoku ndizakufunda nje le phambi kokuvala, kuba sekumalunga nexesha ngoko lokuba sigoduke, ukuze sibuye kwakhona ngokuhlwa ngentsimbi yesixhenxe.

146 Okokuqala, okokuqala, ukuba uyabhala, “Kukuza kugqibela isikreqo.” UDaniyeli isahluko se-9, umqolo wama-24. “Uzakugqibezela isikreqo,” inye. “Uzakuphelisa isono,” isibini. “Ukuza kucanyagushelwa kobugwenxa,” ntathu. “Ukuziswa kwalowo ulilungisa,” sisine. “Ukutywinwa kombono nesiprofeto,” sisihlanu. “Ukuthanjiswa kwalowo uNgcwele,” sisithandathu. Kwaye yiloo nto esiya kuthetha ngayo ngokuhlwanje. UThixo esenza kuzaliseke!

147 Ngoku yima, mandiyiphinde kwakhona, ukuze ube nokuyiqonda. Okokuqala, “kukugqityelwa kwesikreqo.” Okwesibini, “kukupheliswa kwesono.” Okwesithathu, “kukucanyagushelwa kobugwenxa.” Okwesine, “kukuziswa kolilungisa.” Okwesihlanu, “ukutywinwa kombono nomprofeti.” Okwesithandathu, “kukuthanjiswa kwalowo uyiNgcwele.”

Mandinifundele yona ngoku, iphuma—iphuma eBhayibhileni. Ivesi yama-24.

> Sixhenxe-. . . *bamiselwe iiveki ezimashumi asixhenxe abantu bakowenu* (amaJuda) *nomzi wakowenu ongcwele—nomzi wakowenu ongcwele* (uSirayeli, amaJuda, iJerusalem), *ukuba sithintelwe*. . . isikreqo (eyokuqala), . . . *zicinywe izono* (eyesibini), . . . *bucanyagushelwe ubugwenxa* (eyesithathu), . . . *kuziswe ubulungisa obungunaphakade* (eyesine), *utywinwe umbono* (eyesihlanu)—*umbono nomprofeti, ithanjiswe ingcwele kaNgcwele* (eyesithandathu).

148 Yiloo nto kanye Awayezokumxelela yona, eyayizakwenziwa, kuze ke kube kufika isiphelo.

149 Ngoku, ngokuhlwanje sizakungena ekubeni ziyintoni na ezo zinto, size sibone ukuba sisondele kangakanani na kuzo. Ukuze kwiCawe elandelayo, singenise sibeke ezo zinto ngokwexesha ngokuchanekileyo apho simi khona. NdiyaMthanda.

150 USirayeli ebuyela emhlabeni wakhe, kwaSirayeli. Make ndithethe nje lento ngoku okomzuzwana. . . ndiyaqonda ukuba ikhasethi licinyiwe. Mandithethe oku. Kwangayo loo yure uSirayeli aba sisizwe. . . Isizathu sokuba ndasoloko ndikholwa kubantu abafundayo apha, kukuba kwakukho into endiyakuba kuba nenxaxheba, phambi kokuba ndife, yeyokubuyisela uSirayeli eNkosini. Ngokuba, xa kanye ngayo loo yure, ngokwe-chart yePan American, uSirayeli wavunywa ukuba sisizwe, okokuqala kwisithuba samawaka amabini eminyaka ukusukela ekubeni bachithwa-chithwayo, bengengobantu; kwangayo yona loo yure, ngokuchanekileyo ngeyure entloko, iNgelosi yeNkosi yahlangana nam phaya ngaphesheya yandithuma ukuba ndi. . . ndineVangeli. Kwaloo nto inye, ngoMeyi umhla we7, 1946.

151 Ngoku, ngoko, enye into endinika ukuba ndazi. Ku "kubuyiselwa kweentliziyo zabantwana zibuyele kooyise, neentliziyo zoyise kubantwana," uMyalezo. Qaphela, kuMalaki 4 (hayi 3), 4!

152 Enye into. Ngethuba uBilly, unyana wam, kunye nam, noMzalwana Ern Baxter, sasihamba sonke sisiya ePalestina, emva kokuba sasihlangene namaJuda kwaMzalwana u-Arganbright, baze bayibona inkonzo. ULewis Pethrus wayewathumele ezi Bhayibhile phaya ngaphesheya. Waze wathi . . . la maJuda eza, athi, "Ukuba niyakubiza iqela leenkokeli zakwaSirayeli, ndithetha, hayi aba rabi batsha nawo onke la matheko wabo, koko uhlanganise iinkokeli zenene zamaSirayeli. Yaye sifundile le-Testamente entsha, kwakhona siyazi ukuba xa uMesiya esiza, Uyakusifundisa ezi zinto, njengalaa mfazi waseSamariya. Siyazi ukuba uMoses wathi uMesiya wethu uyakuba ngumprofeti. Yaye xa unokubaxelela ubabonise, ngeSibhalo," oko siyakukufumana kuMyalezo wangokuhlwanje, "ukuba kwanyanzeleka ukuba zenziwe mnyama iintliziyo zabo banqanyulwe, ukuze isithuba seeNtlanga singene, kwaye sasiya kuba nethuba loxolelwaniso lweeNtlanga. Zibe iintliziyo zabo zenziwe lukhuni kanye njengokuba kwakunjalo ngexesha likaYosefu, njalo njalo. Ukuze ke kungeniswe loo maJuda endaweni yawo, aze abizwe loo madoda ephuma kweso sihlwele, kanye njengokuba usenza kwezi Ntlanga zilapha, ngaloo mpefumlelo yoMoya." Ngoku, athi, "Ukuba uYesu, ukuba unguYe uMesiya, namazwi akho ayinyaniso, ngoko Akafanga, kwaye Uyaphila. Yaye ukuba Uyaphila, wathembisa ukuba uyakuba kwabaKhe . . . abakho- . . . umkhonzi—abakhonzi baKhe, abafundi baKhe. Yaye ukuba singaMbona esenza umqondiso womprofeti, ngoko siyakukholwa ukuba Yena nguMesiya."

Yenjani ukugqibelela into, ngokuchaneke kanye. Ngoko, ingenza ntoni loo nto? Isizwe singazalwa ngamin'inye, phakathi kweenkokeli. Ngamnye kuzo angathi, "Siyazi." Xa loo rabi ethetha loo nto, kuphelele apho. Isizwe singazalwa ngamin'inye. USirayeli uyakuzalwa ngemini enye.

153 Ndandisendleleni, ndimi eCairo, e-Egypt, ndiphethe itikiti esandleni, kwathi ngeshumi elinesihlanu okanye amashumi amabini emizuzu phambi kwexesha lokubizwa. Babelungiselela ukukhwaza. Ndandisihla ndisiya kubona iceba elincinane lomsimbithi, kukho ingonyama encinane eyenziwe ngomsimbithi, ine—inebamba lwendlovu. Ndandiza kuyithumela kugqirha othile ongumhlobo wam, uGqr. Sam Adair, ukwenzela into yokucinezela amaphepha. Ndandikhangele kuyo ke. Kwakho iNto ethi kum, "Asikabi lolixa. Hlala ngaphandle kwePalestina."

154 Ndaze ndacinga, "Ibindim nje lowo ndicinga loo nto." Ndaqhubeka ndibheka phambili.

Kwakukho into ethi, “Asililo ilixa eli.”

155 Ndaze ndajikela ngemva kwendawo yokulayisha iimpahla. Ndaphakamisela izandla zam kuThixo. Ndathi, “Thixo, ingaba nguWe lowo uthetha nam?”

156 Yathi, “Asililo ilixa eli. Hlala ngaphandle kwePalestina. Asililo ixesha eli.” Ngoko ndathabatha itikiti lam ndalijija, ndehla ukusuka apho ndaya kuphuma eRome, ndabuyela eLisbon, ukuya kwelamaPhuthukezi, nokusuka apho ukuza kungena kwiZizwe Ezimanyeneyo zeMelika.

157 Ilixa alikafiki. Ubugwenxa beeNtlanga abukazaliseki, ukuya nje ekupheleni kwendebe. Kodwa ngenye imini iyakwenzeka loo nto, kwaye uThixo uyakuthumela umntu othile apho ongumprofeti, aze awaqondise. Ndiyathemba ukuba uThixo uyakumvelisa kwangoku, nokuba ungubani na, ayakumvelisa ngokukhawuleza. Ndiyakholwa ukuba oko kumelwe kukwenzeka. Nantso into esikufundela yona oku, kungokuba sisondele kakhulu.

158 Yaye, khumbula, kwangaloo mzuzu amaJuda ayakwamnkela ngayo uKristu, iBandla leNtlanga limnkile. Ngoko iiNtlanga zifumana izibetho zigalelwa phezu kwazo, iMbandezelo.

159 Ke—ke bangathini abantu, abafundisi abakhulu abafundisayo, babe bejonge kule Bhayibhile ngolu hlobo, baze bathi iBandla liyangena kwisithuba seMbandezelo, ngoku kungekho Sibhalo eBhayibhileni ngaloo nto! Abanayo nento enye.

160 Indoda ethile yandixelela, kungekudala kwithuba elidlulileyo, yathi, “Owu, uDade McPherson wasifundisa ukuba iBandla liyakungena kwiMbandezelo, kuba liyakuba zizibane ezikhanyayo ngelo xesha.” NguSirayeli ngelo xesha, hayi iiNtlanga.

IiNtlanga sezimnkile, iBandla. Alimelwe kungena Mbandezelweni. “Inamba yakhupha amanzi ngomlomo wayo,” isahluko se-17, “yenza imfazwe namasalela,” iintombi ezileleyo. Hayi. . . IBandla lenene limnkile. SelikwiSidlo sangokuhlwa soMsitho ngenxa yaba, isithuba sexesha apho kuyakube kuqhubeka iSidlo sangokuhlwa soMsitho, iveki yokugqibela. Yaye ngoko kuxa iMbandezelo iyakungena, xa iinkumbi nentshutshiso ziyakuvela phezu kwamabandla, izinto ezilolo hlobo.

Ngoko, ekupheleni, kwisahluko se-19, naLo lisiza likunye noMyeni waLo. Haleluya! “UKumkani kakumkani, noNkosi kankosi; isambatho sakhe sithiwe nkxu eGazini, nomkhosi waseZulwini ukhwele amahashe amhlophe, usiza kunye naYe. NaLo lisiza, ukuza kuthabatha indawo yaLo kwiMillennium. Amen! Owu!

Malibongwe iGama, owu, malibongwe iGama
Malibongwe iGama leNkosi;
Malibongwe iGama, owu, malibongwe iGama,
Malibongwe iGama leNkosi.

NguYesu iGama, nguYesu iGama,
NguYesu iGama leNkosi;
NguYesu iGama, owu, nguYesu iGama,
NguYesu iGama leNkosi.

Lenzeni likhulu iGama laKhe, owu, lenzeni likhulu iGama laKhe,
Owu, lenzeni likhulu iGama leNkosi;
Lenzeni likhulu iGama, owu, lenzeni likhulu iGama,
Lenzeleni likhulu iGama leNkosi.

161 Niyenza njani loo nto? Ulenza Libe likhulu ebomini bakho. Uphila ubomi ngokokuze babe nokuthi, "Nankuya umkhonzi kaKristu." Nantso indlela olenza likhulu ngayo iGama. Masibone. Owu, aniMthandi? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Owu, bethu! Iculo lethu elincinane ngoku:

Estalini kudala dala, ndiyazi ukuba ngenene kunjalo,
USana lwazalwa ukuza kusindisa abantu ezonweni zabo.
UYohane waLubona elunxwemeni, iMvana ngonaphakade,

Loo Mvana inaMatywina aSixhenxe, ikuphela kwaYo eZulwini nasemhlabeni eyayinako ukuwathabatha. Esta-. . .

Estalini kudala dala, ndiyazi ukuba ngenene kunjalo,
USana lwazalwa ukuza kusindisa abantu ezonweni zabo.
UYohane waLubona elunxwemeni, iMvana ngonaphakade,
Owu, malibongwe iGama leNkosi.

Owu, malibongwe iGama, owu, malibongwe iGama,
Malibongwe iGama leNkosi;
Malibongwe iGama, malibongwe iGama,
Malibongwe iGama leNkosi.

162 Ndiyakuthanda ukudumisa. Anikuthandi nina? [Ibandla, "Amen."—Mhl.] Ngoku, asizi enkonzweni sizele nje ukuva umyalezo; kona kuhamba nawo. Kodwa siza ebandleni ukuza kudumisa, sidumise sikuMoya neNyaniso. Niyivile iNyaniso; liLizwi. 'yabona? Ngoku, ukudumisa, kukuzichaza kuYe. 'yabona?

Owu, ndiyaYithanda Loo Nto YaseGalili! Siphe isingqi esincinane kwelo. Ewe, mhlekazi. Uyalazi, Teddy? Ndiyalilibala ngoku. Masibone. Masibone.

Owu, ndiyayithanda loo Ndoda yaseGalili,
iphuma eGalili,
Kuba Indenzele lukhulu kangako.
Ixolele izono zam, yafaka uMoya oyiNgcwele
ngaphakathi;
Owu, ndiyayithanda, ndiyayithanda loo
ndoda yaseGalili.

Umbuthi werhafu waya kuthandaza
etempileni apho ngenye imini,
Wakhwaza, "Owu Nkosi, yiba nenceba kum!"
Waxolelwa sonke isono, ngoxolo olunzulu
wafakwa ngaphakathi kanye;
Wathi, "Yizani, le Ndoda yaseGalili."

Owu, ndiyayithanda loo Ndoda yaseGalili,
iphuma eGalili,
Kuba Indenzele okukhulu kangako.
Ixolele isono sam, yafaka uMoya oyiNgcwele
ngaphakathi.
Owu, ndiyayithanda, ndiyayithanda loo
ndoda yaseGalili.

Isiqhwala sahanjiswa, isimumu senziwa
sathetha.
Amandla athethwa ngothando phezu
kolwandle.
Imfama yenziwa yabona, ndiyazi ukuba
akukho kunokuba kuphela
Ngamandla aloo Ndoda yaseGalili

Owu, ndiyayithanda loo Ndoda yaseGalili,
iphuma eGalili,
Kuba Indenzele lukhulu kangako.
Ixolele isono sam, yafaka uMoya oyiNgcwele
ngaphakathi.
Owu, ndiyayithanda, ndiyayithanda loo
Ndoda yaseGalili.

Phulaphula le.

Umfazi equleni, Wamxelela zonke izono
zakhe,
Ukuba wayenamadoda amahlanu ngexesha.
(NguYe lowo.)
Waxolelwa sonke isono, lwaza uxolo olunzulu
lwangena ngaphakathi;
Waze wakhwaza, "Yizani, nibone iNdoda
yaseGalili!"

Owu, ndiyayithanda loo Ndoda yaseGalili,
iphuma eGalili,
Kuba Indenzele okukhulu kangako.
Ixolele isono sam, yafaka uMoya oyiNgcwele
ngaphakathi.
Owu, ndiyayithanda, ndiyayithanda loo
Ndoda yaseGalili.

NdiyaMthanda. AniMthandi nina? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ngentliziyo yam yonke! AniMthandi nina? ["Amen."] Akamangalisi Yena? ["Amen."]

Owu, uyamangalisa, uyamangalisa, uYesu
unjalo kum, (UYintoni?)
Ungumcebisi, iKumkani yoXolo, uThixo
Onamandla unguYe;
Owu, uyandisindisa, endigcina kuso sonke
isono nehlazo,
Uyamangalisa uMhlanguli wam, malibongwe
iGama laKhe!

Masithobe iintloko zethu ngoku sicinge ngaloo nto.

Ndandilahlekile, kodwa ngoku ndifunyenwe,
ndikhululekile ekugwetyweni, (izizwe
ziyaphuka; akunamsebenzi)
UYesu undinika inkululeko nosindiso
oluzeleyo;
Uyandisindisa, Endigcina kuso sonke isono
Nehlazo,
Uyamangalisa uMhlanguli wam, malibongwe
iGama laKhe.
Owu, uyamangalisa, uyamangalisa, uYesu
kum,
Ngumcebisi, iKumkani yoXolo, uThixo
Onamandla nguYe;
Uyandisindisa, endigcina kuso sonke isono
nehlazo,
Uyamangalisa uMhlanguli wam, malibongwe
iGama laKhe!

Owu, yicinge!

Ndandilahlekile, ngoku ndifunyenwe,
ndikhululekile Ekugwetyweni,
UYesu undinika inkululeko nosindiso
oluzeleyo;
Uyandisindisa, (wenza ntoni Yena?)
uyandigcina Kuso sonke isono nehlazo,
(ndiphalise ngentla kwaso)
Owu, uyamangalisa uMhlanguli wam,
malibongwe IGama laKhe.

Ngoku sonke!

Owu, uyamangalisa, uyamangalisa, uYesu kum,
UMcebisi, iKumkani yoXolo, uThixo Onamandla nguYe;
Kuba, uyandisindisa, endigcina kuso sonke isono nehlazo,
Uyamangalisa uMhlanguli wam, malibongwe iGama laKhe.

Owu, ndiyamthanda uYesu, (uzuko!)
Owu, ndiyamthanda . . .

Ndivuya kakhulu ngokuba ndisindisiwe! Ndivuya kakhulu ngenxa yokuba ndilindele uKuza kwaKhe!

Owu ndiyamthanda uYesu,
Ngokuba Wandithanda kuqala.

Ngoku izandla zethu siziphakamisile, ukuba sitsho ngenene.

Andisayi kuMshiya,
Andisayi kuMshiya,
Andisayi kuMshiya,
Ngokuba Wandithanda kuqala.

163 NiyaMthanda? [Ibandla lithi, "Ewe."—Mhl.] Ngoko nimelwe kukuba nithandane. Kuba, ukuba anibathandi abo ninokubabona nditsho apha, ningathini ukuMthanda Yena Lowo ningambonanga? Masibambe isandla somnye umntu, sithi:

Owu, ndiyamthanda uYesu,
Owu, ndiyamthanda uYesu,
Owu, ndiyamthanda uYesu,
Ngokuba Wandithanda kuqala.

Andisayi ku . . . (Phakamiselani izandla zenu kuYe ngoku. Nantso ke.) . . . -shiya Yena,
Andisayi kuMshiya,
Andisayi kuMshiya,
Ngokuba Wandithanda kuqala.

164 Cinga nje, Wenza eso sityhilelo sikhulu kuthi. Ingaba asiMthandi? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Akamangalisi Yena? ["Amen."] Indlela esinombulelo ngayo kwiNkosi yethu uYesu; akasayi kusishiya. "Yabonani, Ndinani njalo, kude kube . . ." Ingaba niyazivuyela *Iiveki Ezimashumi Asixhenxe ZikaDaniyeli*? ["Amen."] Owu, asiMthandi na? Yenza njani loo nto?

Ukholo lwam lukhangela Wena,
Mvana yeKalvari,
Msindisi . . .

Dumisa Yena, ngentliziyo yakho.

Ngoku ndive ndithandaza,
Susa izono zam,
Owu kususela namhla
Ndibe ngowaKho ngenene!

Ndisacand'udada, (sonke siyangena)
Neentsizi ziphezu kwam, (Ewe, Nkosi.)
Yiba nguMkhokeli wam Wena; (undikhokele ndiphumele kuloo nto, Nkosi.)
Yenza ubumnyama bube yimini,
Sula iinyembezi,
Mandingaze ndimnke,
KuWe ndlela.

[UMzalwana uBranham uqalisa ukungqumshela-*Lukhangela Kuwe Ukholo Lwam*—Mhl.]
Omeleze intliziyo yam,
Uvuselele ukuzondelela kwam
Yenza ubumnyama bube yimini,
Sula iinyembezi,
Kususela namhla
Mandibe ngowaKho ngenene!

165 Owu Yesu, siyabona ukuba sisondela kwinto ethile. U-Isaya umprofeti wathetha ngayo; uYeremiya wathetha ngayo. UDaniyeli wakhangela emva wabona oko bakuthethayo. Kwayenza intliziyo yakhe yachukumiseka, waze wa—wakhangelisa ubuso bakhe eZulwini. Wazila, enezirhwexayo nothuthu. Wafuna ukuva, ukuze abe nokuyala abantu.

166 Nkosi, siyabona ngeeNcwadi, kananjalo iNcwadi yaKho, iNcwadi ka-Isaya, iNcwadi kaYeremiya, iNcwadi kaYakobi, uYohane, uLuka, uMarko, uMateyu, iNcwadi yeZityhilelo, zonke iiNcwadi zaKho, ukuba sisondele esiphelweni. Kwaye sikhangelise ubuso bethu eZulwini, emthandazweni, izincwino, ukufumanisa ukuba siphila phi na, Nkosi. Siyaqala ukubona ukuthi qheke kokuKhanya kwemini. Yaye, Nkosi, siza kuWe. Ukholo lwethu lukhangele kuWe ngoku. Sibekela bucala wonke umthwalo, sonke isono, yonke intwana yokungakholwa enokusirhawula ngoku sisisulu, sixunele kubizo lwaphezulu, sisazi ukuba ixesha lethu libaliwe.

167 Sikelela aba bantu balapha, Nkosi. BayaKuthanda. BangabaKho. Baphumile. NguWe owenza isityhilelo. Siyathandaza ukuba Usinike ezi zinto njengokuba silindele kuWe.

168 Siphe ukufundisisa okukuko ngale njikalanga, Nkosi. Siphe ukuqonda. Usibuyise kwakhona ngokuhlwanje, sihlaziyekile. Nkosi, ndithambise ngale njikalanga, owu, ndisafunda, Nkosi, ngesi sizathu sintlantlu-ntandathu

sotyelelo lukaGabriyeli. Ukuba uGabriyeli uze kutyelela ezokunika intsingiselo entlantlu-ntandathu, Nkosi, simelwe kukuyazi loo nto. Sifundisisa ngeeNcwadi sazi ukuba sisondele. Ngoko siyathandaza ukuba usityhilele loo nto ngokuhlwanje.

169 KwiCawe elandelayo, Nkosi, Owu Thixo, sibeke ngeendawo ezoo ntsuku. Andazi ukuba njani na, kodwa nguWe onokusizisa kanye kwelo xesha. Siphe oko, Bawo. Sikhangele kuWe. Siyathandana neGazi likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, lisihlambulule kuso sonke isono. Sikhangele kuWe ngoku. Sincede njengoko silindele kuWe, Bawo, ngoYesu iNkosi yethu.

Imiyalelo kaGabriyeli KuDaniyeli
Julayi 30, 1961, Cawe kusasa
Inani lekhasethi 61-0730M

Injongo Entlu-ntandathu Yotyelelo LukaGabriyeli kuDaniyeli
Julayi 30, 1961, Cawe ngokuhlwa
Inani lekhasethi 61-0730E

IVeki Yamashumi Asixhenxe kaDaniyeli
Agasti 6, 1961, Cawe kusasa
Inani lekhasethi 61-0806

Le Miyalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham yashunyayelwa ekuqaleni ngesiNgesi kuMnquba kaBranham eJeffersonville, e-Indiana, eMelika. Zonke iinzame zenziwe ukususa ngokuchanekileyo uMyalezo othethiweyo kumakhasethi kazibuthe ukuwuzisa kwiphepha elishicelelweyo, yaze yashicilelwa apha ingafinyezwanga yasasazwa ngabe Voice of God Recordings.

Ipapashwe ngesiXhosa ngowe-2004.

©2004 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org